

INcwadi yokuFunda enguNdoqo

ISIXHOSA

ULWIMI LWASEKHAYA

IBANGA

2

IKOTA 1 & 2






INcwadi yokuFunda enguNdoqo

IBANGA 2 | IKOTA 1 & 2

ISIXHOSA

Iziqulatho

Ikota 1.....	1
Umxholo: Sibeka iinjongo	2
IVeki 1.....	2
IVeki 2.....	5
Umxholo: Siyanceda	12
IVeki 3.....	12
IVeki 4.....	21
Umxholo: Imizimba yethu	28
IVeki 5.....	28
IVeki 6.....	37
Umxholo: Sisombulula iminqa.....	44
IVeki 7	44
IVeki 8.....	53
Ikota 2.....	61
Umxholo: Siyavakalelwa.....	62
IVeki 1.....	62
IVeki 2.....	71
Umxholo: Sisebenzisa itekhnoloji	78
IVeki 3.....	78
IVeki 4.....	87
Umxholo: Silandela imiyalelo	94
IVeki 5.....	94
IVeki 6.....	103
Umxholo: Sinobugcisa	110
IVeki 7	110
IVeki 8.....	119



IKOTA 1



Umxholo: Sibeka iinjongo

Ukutyetyiswa kolwimi:

Isaci

Ibinzana apho amagama aba nentsingiselo eyahlukileyo kunentsingiselo yawo ecacileyo.

Amasango avulwa zizandla ezininzi

Oku akuthethi ukuba izandla ezininzi kufuneka zibambe amasango. Kuthetha ukuba xa abantu abaninzi besebenza kunye, kwenza ukufikelela kwiinjongo kube lula.

Amabali:
UMarie ugcina imali



Amantshontsho kaThuli



Isigama

injongo:	Into ofuna ukuyenza okanye ukuba yiyo, nonokusebenzela ukuyifezekisa.
gcina:	Ukugcina into oza kube uyisebenzise ngelinye ixesha okanye ukungasebenzisi mali kwangoku.
imali:	Into esiyisebenzisayo ukubhatalela izinto.
sebenza nzima:	Ukufumana imali okanye umvuzo ngokusebenza okanye ngokwenza umsebenzi.
isikhukukazi:	Imazi yenkuku ebekela amaqanda esoloko izolile kwaye incinane kunomqhagi.
umqhagi:	Inkunzi yenkukhu eneentsiba eziqaqambileyo nesoloko ikhonya kakhulu ekuseni.
ishishini:	Indawo apho abantu bathengisa izinto okanye banikeza iinkonzo, njengevenkile okanye indawo yokwenza iinwele.
icebo:	Iqela lamanyathelo ogqiba ukuba uwathathe ukufezekisa injongo okanye ukugqiba umsebenzi.

Isigama

zama:	Ukwenza imigudu yokwenza into ethile nokuba kunzima.
impumelelo:	Ukufikelela kwinjongo yakho okanye wenze into kakuhle.
inkqubela:	Ukwenza ngcono kwinto nganye oyenzayo, kancinci kancinci.
imbasa:	Ibhaso okanye into enikelwe ngomsebenzi owenziwe kakuhle.

Buza usapho lwakho:



Yeyiphi injongo enye onqwenela ukuba ndiyifezekise kulo nyaka?

Yeyiphi injongo enye onqwenela ukuba ndiyifezekise ebomini bam?






Umxholo: **Sibeka iinjongo**



Izandi

Tshintshanani
ukuhlaziya ezi zandi:



Ukudikhowuda

Hlanganisa izandi ukufunda amalungu.

ba	be
bi	bo



Ukuenkhowuda

Fumana onke amagama ebalini
asebenzisa:

a b

Bhala uluhlu lwala magama kwincwadi
yakho yokubhala.



Utyibiliko

Tshintshanani ukufunda ngokuvakalayo:

Lala Lele. Aba balele nabo. Umama naye ulele
namawele. Ulele namawele kuba kaloku ayalila afuna
ukuhlala nabanye. Nani lalani nabo. Silala nabo kuba
kutheni?

UBongi noBulelwa baya ebaleni. UBongi ubeleke
ubhaka wakhe. Umama ubanike imali ngobubele
obukhulu. Bafike ebaleni babaleka bedlala bevuya.



Izandi

Tshintshanani
ukuhlaziya ezi zandi:



Ukudikhowuda

Hlanganisa izandi ukufunda amalungu.

ce	be
ca	ba



Ukuenkhowuda

Fumana onke amagama ebalini
asebenzisa:

c e

Bhala uluhlu lwala magama kwincwadi
yakho yokubhala.



Utyibiliko

Tshintshanani ukufunda ngokuvakalayo:


UCebo ucela ukuya ecaweni kumama wakhe. Utata
yena ufuna ukuya nosisi kaCebo. Usisi kaCebo ufuna
icici likaCebo alibone ecaleni kwebhedi yakhe.

Ekhaya uEsethu uthi evuka abe ethuthuzela uEsona.
Wenza isiselo semeloni. Emva kwexesha amemelele
efama abuye neziqhamo.



Izandi

Tshintshanani ukuhlaziya ezi zandi:



Ukudikhowuda

Hlanganisa izandi ukufunda amalungu.

lo	li
le	lo



Ukuenkhowuda

Fumana onke amagama ebalini asebenzisa:

i l o

Bhala uluhlu lwala magama kwincwadi yakho yokubhala.



Utyibiliko

Tshintshanani ukufunda ngokuvakalayo:

Ifikile imini kaSiso. USiso ubhiyozela isipho sakhe esikhulu esivela kumama wakhe. Ininzi into ayifumene kumama wakhe kuba ephumelele emagqabini. Uzibona enemincili ngamabhaso akhe.

Lala Lele. Lilo eli. Alele la. Alele nala. Linani eli. Linani neli. La manani afuna niwabale nawo nide nilale. Ilali ilele ibala lamanani nayo.

UOlothando ongumnakwethu uhlala ekhathazekile. Akaboni ngeliso lasekhohlo. Usoloko engathandi ukudlala ibhola yombhoxo. Soloko ehleli endlini ekhala.





Ukubalisa amabali ngobuchule



Izandi

Tshintshanani ukuhlaziya ezi zandi:



Ukudikhowuda

Hlanganisa izandi ukufunda amalungu.

su	mo
se	me



Ukuenkhowuda

Sebenzisa ezi zandi zingezantsi ukwenza amagama:

k	o	m	b	i	e
a	s	u	n	c	l

Bhala la magama kwincwadi yakho yokubhala.



Utyibiliko

Tshintshanani ukufunda ngokuvakalayo:

Usisi usela ubisi. Nalu ubisi lukasisi. Musa ukusela ubisi lukasisi Soso kuba akawaseli amasi. Usisi uthi amasi anuka isele elirhuqa umrhaji. Sonke ekhaya siyawasela amasi thina.

Umhlobo kaUthando uya emasimini ukuya kusebenza nomama wakhe. Bafuna ukuvuna oko bakulimileyo. Emva koko, babuya bevuya kakhulu.

Umama umamele unomathotholo emini. UMimi uvela emasimini notata wakhe. Bathe xa behlala yanetha isichotho, umama wavala unomathotholo.



Utyibiliko

Tshintshanani ukufunda ngokuvakalayo:

USizwe ufunda iitheybhile zezibalo zakhe

USizwe wayesithanda isikolo. Wayekuthanda ukudlala nabahlobo bakhe. Wayekuthanda ukufunda. Kodwa uSizwe wayengazithandi iZibalo! Wayengazazi iitheybhile zezibalo zakhe.



Ngenye imini uSizwe wazibekela injongo. Wacela umama wakhe ukuba amncede afunde iitheybhile zeZibalo zakhe.

Ngosuku olulandelayo, uMama wamvusa uSizwe kwangethuba. Bahlala etafileni baphunga iti. UMama wabeka imfumba yeenkozo etafileni. UMama waxelela uSizwe ukuba abeke iinkozo zibe ngamaqela amabini.

“Ngoku, ukuba ndibuza ukuba untathu xa umphinda kabini, mangaphi amaqela eenkozo omele uwabale?”

“Mh, mathathu?” watsho uSizwe.

“Ewe,” watsho uMama, “ngoku bala amaqela amathathu eenkozo ezimbini.”

USizwe wabala, “Nye, mbini, ntathu, ne, ntlanu, ntandathu. Untathu xa umphinda kabini nguntandathu!”

USizwe nomama babedlala ngeenkozo rhoqo kusasa. Kungekudala uSizwe wayezazi iitheybhile zeZibalo zakhe.



Ingqiqo nokuqonda

Bhala iimpendulo encwadini yakho.

1. Wayethanda ntoni uSizwe ngesikolo?

- a. Abahlobo nokufunda.
- b. Abahlobo neZibalo.
- c. Iitheybhile zeZibalo nokufunda.

2. Yeyiphi injongo awazibekela yona uSizwe?

- a. Ukuvuka kusasa.
- b. Ukudlala ngeenozo.
- c. Ukufunda iitheybhile zeZibalo zakhe.



Imofoloji

Hlela amagama abe kwisinye kunye nakwisininzi.

Bhala uluhlu lwala magama kwincwadi yakho yokubhala.

Krwelela umgca ngaphantsi imofimi esixelela ukuba ikwisinye okanye ikwisininzi.

umntu abancedi	abantu umncedi
-------------------	-------------------

Isinye

Isininzi

Umxholo: Siyanceda

Ukutyetyiswa kolwimi:

Ingoma

Ilda ngokuba sisicatshulwa sombhalo onesingqi okanye imvanosiphelo esivakalisa izimvo okanye iimvakalelo. Ihlala ibandakanya ulwimi olunetsingiselo efihlakeleyo enjengemfanozandi, izikweko, izifaniso, kunye nezimntwiso.

Isandla sisanceda,
Isandla sisanceda,
Xa sisebenzisana,
Ndinceda wena, nawe uncede mna,
Sonke siyaphumelela.

Le ngoma ithetha ukuba ubomi bulula xa sincedana kwaye sisebenza kunye. Ngokusebenza njengeqela kunye nokuncedana, sinokwenza imisebenzi ngcono kwaye ngokukhawuleza.

Amabali:

**Ilinge elikhulu
likaCandice
noCarla**



**UTimeo unceda
usapho lwakhe**



Isigama

ngcangcazela:	Ukushukuma okubhekisa macala ngokunga into iza kuwa.
zinzisa:	Ukuhlalisa into kakuhle ingashukumi ukuze ingawi.
edinwe eyimfe:	Ukudinwa kakhulu kwaye ungabi namandla aseleyo.
ilinge:	Uhambo olunikisa umdla okanye umsebenzi apho uzama izinto ezintsha ufumane ukonwaba.
umxhaphazi:	Umntu olimaza, ogrogrisa okanye othetha izinto ezikhohlakeleyo ngeenjongo kwabanye abantu.
ungahoyi:	Ukungakhathaleli umntu okanye into ngeenjongo.

Isigama

thuka:	Ukuthetha into ekhohlakeleyo elimaza iimvakalelo zomnye umntu.
xhasa:	Ukunceda umntu ngokuba nobubele, ukunceda ngemisebenzi okanye ukubakhuthaza.
ububele:	Ukuba nobubele kwabanye ngokusebenzisa amagama athambileyo kunye nezenzo.
oluncedo:	Ukwenza into eyenza umsebenzi womntu okanye ingxaki ibe lula.
inkathalo:	Ukujonga umntu kwaye uqinisekise ukuba ukhuselekile kwaye uphilile.
intuthuzelo:	Ukwenza umntu azive bhetele xa elusizi okanye ebuhlungu ngokuba kufutshane nabo, umamele okanye uthethe izinto ezinobubele.

Buza usapho lwakho:



Yeyiphi into odinga uncdo kuyo? Ndingakunceda kuyo?

Yintoni esinokuyenza ukunceda ikhaya lethu okanye indawo esihlala kuyo ibe ngcono? Singakwenza njani oku?





Izandi

Tshintshanani
ukuhlaziya ezi zandi:



Ukudikhowuda

Hlanganisa izandi ukufunda amalungu.

du	di
ta	ti



Ukuenkhowuda

Fumana onke amagama ebalini
asebenzisa:

d t

Bhala uluhlu lwala magama kwincwadi
yakho yokubhala.



Utyibiliko

Tshintshanani ukufunda ngokuvakalayo:

Nali eli dada. Eli dada beliqubha edamini izolo.
Beliqubha namadada amabini. La madada
ebeziphathele oonodoli edada nabo. Athe akuzibona
ukuba adiniwe alala khona.

Itutu libele umama. Itutu libele umama imali.
Umama ubone itutu lisiba imali yakhe. Utata
ulibambe latatazela labaleka. Libalekele kwisitalato
sikaThembi.



Izandi

Tshintshanani
ukuhlaziya ezi zandi:



Ukudikhowuda

Hlanganisa izandi ukufunda amalungu.

fa	na
fu	ni



Ukuenkhowuda

Fumana onke amagama ebalini
asebenzisa:

f n

Bhala uluhlu lwala magama kwincwadi
yakho yokubhala.



Utyibiliko

Tshintshanani ukufunda ngokuvakalayo:

Utata ufaka ucango. Utata noLizo bafaka ucango.
Utata ufuna ucango lulunge. Utata ufuna ucango
oluhle. Usisi uvuyela ifowuni. Usisi unefowuni, ivela
eMonti.

Nali inikiniki linanazela phaya kude. Nilibonile nani?
Nalo nilogqitha ngasevenini yamapolisa. Nalo libala
iimoto ezigqithayo. UNana naye uyalinukisa eli
nikiniki.



Izandi

Tshintshanani ukuhlaziya ezi zandi:



Ukudikhowuda

Hlanganisa izandi ukufunda amalungu.

ya	gi
he	yo



Ukuenkhowuda

Fumana onke amagama ebalini asebenzisa:

y g h

Bhala uluhlu lwala magama kwincwadi yakho yokubhala.



Utyibiliko

Tshintshanani ukufunda ngokuvakalayo:

Yiyo le iyoyo. Le yiyoyo yam. Le yoyo yeyam. Nika umama le yoyo. Uyibonile iyoyo kaYanda? Umama wakhe uyithathe kuYola kuba ebesele edikiwe yiyo.

Ubhuti ugile ihagu. Ihagu ibaleke yakhala. Umama ulele uyagula. Galela iyeza asele umama. Umama ligagu usela iyeza elibi. Galela nam ndisele iyeza.

Sisihiba esi. Eli tutu sisihiba. Izolo libe ihobe. Libe ihobe labaleka. Itutu lidibene nehagu layixhela labaleka nayo. Libaleke langena kwiholo yoluntu.



Umxholo: **Siyanceda**



Izandi

Tshintshanani ukuhlaziya ezi zandi:



Ukudikhowuda

Hlanganisa izandi ukufunda amalungu.

qa	wa
ju	wi



Ukuenkhowuda

Sebenzisa ezi zandi zingezantsi ukwenza amagama:

h	j	n	t	s	a
e	i	o	u	w	m

Bhala la magama kwincwadi yakho yokubhala.



Utyibiliko

Tshintshanani ukufunda ngokuvakalayo:

Iqalile iveki. Iveki iqale ngexesha elibi xa lidudumayo. Umama uqalisa ukupheka isidlo sasemini emaqanda. Umama ulungiselela ukuphaka xa eqikelela ukuba uyabuya utata.

Iwele liwile. Mama liwile iwele. Eli wele liwelile. Nani welani newele. Wola imali. Bona nali iwele. Mama nawe wola imali uyiwelise kuWelile.

Kukho ujingi ekhaya. Ubhuti noLizo bayajinga. Utata usijonga athule. Ndiyakuthanda ukujinga kujingi.



Utyibiliko

Tshintshanani ukufunda ngokuvakalayo:

USonto unceda ekhaya

USonto wayehlala nomama wakhe, umakhulu kunye nomntakwabo. Yonke imihla, wayencedisa ekucoceni ikhaya. Yonke imihla, uSonto wayecoca iyadi, alungise ibhedi yakhe aze akhe amanzi.

Ngenye iCawa uSonto wavuka kwakusasa. Wabona umgangatho umdaka. Wasusa uthuli neemvuthuluka. Umgangatho wawucocekile. USonto wancuma.

Emva koko, uSonto wabona itafile imdaka. Wayosula ngelaphu elifumileyo. Itafile yayicocekile. USonto wancuma.

USonto wajonga igumbi elo. Lalicoccekile kakuhle. Wancuma. Ukunceda usapho lwakhe kwamenza wachwayita.





Ingqiqo nokuqonda

Bhala iimpendulo encwadini yakho:

1. Wayesenza ntoni uSonto yonke imihla?

- Wayesosula itafile, ecoca iyadi.
- Wayecoca iyadi, elungisa ibhedi yakhe, akhe amanzi.
- Wayecoca umgangatho, osule itafile.

2. Wenza ntoni uSonto ngaCawe ithile?

- Wosula itafile, walungisa ibhedi.
- Wacoca iyadi, wahlamba itafile.
- Wacoca umgangatho, wosula itafile.



Imofoloji

Hlela amagama abe kwisinye kunye nakwisininzi.

Bhala uluhlu lwala magama kwincwadi yakho yokubhala.

Krwelela umgca ngaphantsi imofimi esixelela ukuba ikwisinye okanye ikwisininzi.

umfazi	umlimi
abafazi	abalimi

Isinye

Isininzi



Izandi

Tshintshanani
ukuhlaziya ezi zandi:



Ukudikhowuda

Hlanganisa izandi ukufunda amalungu.

ki	ko
ra	ri



Ukuenkhowuda

Fumana onke amagama ebalini
asebenzisa:

k r

Bhala uluhlu lwala magama kwincwadi
yakho yokubhala.



Utyibiliko

Tshintshanani ukufunda ngokuvakalayo:

UKeke uhlala kufuphi nekona yesikolo. Udlala ibhola nomhlobo wakhe uKhaya ekoneni yesikolo. Bakhwela ibhayisekile bekhangeleka bevuya. UKeke uthi ukuhamba isikolo kubalulekile kuye.

Ingaba niyasazi na isiririzi? Oko ndicinga amagama esiririzi. Hayi isiririzi asinaso esiXhoseni. Ndicinga irula. Kukho nerabha. Sinayo neragi.



Izandi

Tshintshanani
ukuhlaziya ezi zandi:



Ukudikhowuda

Hlanganisa izandi ukufunda amalungu.

xi	vi
xo	vo



Ukuenkhowuda

Fumana onke amagama ebalini
asebenzisa:

x v

Bhala uluhlu lwala magama kwincwadi
yakho yokubhala.



Utyibiliko

Tshintshanani ukufunda ngokuvakalayo:

Ndibone uxam exabe endleleni. Ubhuti uxulube uxam
wabaleka. Utata uxoxe nobhuti ngoxam. Uxam
unamaxolo. Ubhuti ugodole waxhaxha.

UVuyo noVusi baya kuvelela umhlobo wabo evenkileni.
Wavuya kakhulu akubabona. Babevakala ngevumba,
limnandi kakhulu. Yabavuyisa kakhulu lonto.



Izandi

Tshintshanani ukuhlaziya ezi zandi:



Ukudikhowuda

Hlanganisa izandi ukufunda amalungu.

za	bha
pa	zi



Ukuenkhowuda

Fumana onke amagama ebalini asebenzisa:

z bh p

Bhala uluhlu lwala magama kwincwadi yakho yokubhala.




Utyibiliko

Tshintshanani ukufunda ngokuvakalayo:

UZanele uzoba umzobo omhle wekhaya lakhe. UZola uzisa izixhobo zokuzoba ukuze basebenzisane. Bazama ukuwenza ube mhle kakhulu umzobo, wawuncoma umama wabo.

Le pali ikekele. Utata ulungisa ipali. ULizo ufumene ipasile izolo. Le pasile ivela eMonti kumama. UPhumeza naye upasile izifundo zakhe.

Umama uphe uLizo ibhanana. ULizo akayifuni ibhanana. Uthi yena ufuna ibhola. Umama akanamali yebhola. Uza kuphatha ibhayisekile. ULizo ubhalele umama wakhe wacela ibhola.



Ukubalisa amabali ngobuchule



Izandi

Tshintshanani ukuhlaziya ezi zandi:



Ukudikhowuda

Hlanganisa izandi ukufunda amalungu.

chi	kha
thi	cho



Ukuenkhowuda

Sebenzisa ezi zandi zingezantsi ukwenza amagama:

ch	th	n	kh	a	i
e	o	u	m	n	l

Bhala la magama kwincwadi yakho yokubhala.



Utyibiliko

Tshintshanani ukufunda ngokuvakalayo:

UChuma uchola isacholo echibini elincinci. Ucheba ichiza elincinci alifake echibini ukuze amanzi acoceke. UChuma ubona icici likaChumisa iwele lakhe.

Ukhawuleze wafika uKhaya ekhaya esiva isikhalo sikasisi wakhe. Ukhuphe iilekese wamnika ngelithi ufuna angakhali. Khange ayikhathalele loo lekese usisi wakhe.

Usisi uthathe ithanga walipheka. Kuthe kanti umama uthenge ubunewunewu edolophini. Utata uyathandabuza ukuba baza kuhlutha na zezi zinto. Utata uthenge isiselo evenkileni.



Utyibiliko

Tshintshanani ukufunda ngokuvakalayo:

UAmahle uyanceda

Ngenye imini kushushu, uAmahle waya epakini. Wabona inenekazi elilusizi. Lalilahlekwe yinja yalo. UAmahle wabuza, “Ngubani igama lenja yakho?”

Inenekazi lathi, “Igama lenja yam nguLolo. Mncinci, unombala omdaka kwaye unomsila ogobileyo.”

UAmahle wayefuna ukunceda. Wathi, “Ndiza kukunceda ufumane uLolo.”

Bahamba bobabini. Bakhwaza, “Lolo, Lolo!”

Bakhangela emva kwemithi. Bakhangela ngaphantsi kwezitulo. UAmahle wabona ngathi kukho into ehambayo ehlathini. Wabaleka ukuyokhangela.

“Ingaba uLolo usehlathini?” labuza inenekazi.

UAmahle wakhangela ehlathini. “Ewe! Nanku uLolo!” wachaza.

ULolo waxhuma waphuma.

Wajiwuzisa umsila.

Inenekazi lancuma.

Lamanga uLolo.

“Ndiyabulela, Amahle!” latsho inenekazi.

UAmahle waziva echwayitile. Wanceda inenekazi ukuba lifumaneinja yalo.





Ingqiqo nokuqonda

Bhala iimpendulo encwadini yakho.

1. Wayekhangeleka njani uLolo?

- a. Emncinci, emdaka, enomsila omde
- b. Emncinci, emdaka, enomsila ogobileyo
- c. Emncinci, emdaka namhlophe

2. Bamfumana phi uLolo?

- a. Emva kwemithi
- b. Ehlathini
- c. Ngaphantsi kwezitulo



Imofoloji

Hlela amagama abe kwisinye kunye nakwisininzi.

Bhala uluhlu lwala magama kwincwadi yakho yokubhala.

Krwelela umgca ngaphantsi imofimi esixelela ukuba ikwisinye okanye ikwisininzi.

ihlahla

amanxeba

inxeba

amahlahla

Isinye

Isininzi

Umxholo: Imizimba yethu

Ukutyetyiswa kolwimi:

Iqhalo

Intetho emfutshane enika ingcebiso. Amaqhalo rhoqo asebenzisa ulwimi olunentsingiselo efihlakeleyo enjengezikweko.

Umzimba wam ngumthombo wobomi

Eli qhalo lithetha ukuba umzimba ubalulekile, kuba ngaphandle kwawo asinakuphila. Umzimba uyasikhusela, uthintela izifo kwaye unceda ukuba sikwazi ukwenza izinto zobomi bemihla ngemihla. Ukuba siyawukhathalela umzimba ngokutya kakuhle, ukuzilolonga, ukuphumla ngokwaneleyo siza kuba nempilo entle kwaye sikwazi ukwenza izinto ezininzi.

Amabali:

UBongiwe uziva engakhululekanga



Imini embi kaZama



Isigama

ekhululekile:	Ukuziva kamnandi kwaye uzolile, upholile, njengaxa uhleli kwisitulo esithambileyo.
engakhululekanga:	Ukungaziva kamnandi kwaye uzolile, upholile, njengaxa uhleli kwisitulo esiqinileyo.
ngokukhalipha:	Ukwenza into nangona uziva usoyika; ukomelela nokulumka.
ngaphantsi:	Phantsi kwento okanye ngezantsi kwayo.
ukuhlonipha:	Ukuba nembeko kwabanye; ukubonisa ukuba uyakhathala ngeemvakalelo neembono zabo.
ubuthathaka:	Ayinamandla kakhulu. Umzimba wakho uziva udiniwe okanye awukwazi ukwenza izinto ezinzima ngokulula.
ubunzima:	Indlela into okanye umntu anzima ngayo.

Isigama

ukuziqaphela:	Ukuziva uneentloni okanye ungakhululekanga kuba abantu bakujongile.
hlomla:	Ukuthetha into ngomntu, umfanekiso okanye imbono ukwabelana ngezimvo zakho.
ukomelela:	Ukuba namandla emzimbeni wakho ukuphakamisa izinto, ukubaleka okanye ukudlala ngaphandle kokudinwa ngokukhawuleza.
isempilweni:	Xa umzimba wakho uziva ulungile kuba utya kakuhle, ulala ngokwaneleyo, kwaye ushukume okanye uzilolonge kakhulu.
engenampilo:	Xa umzimba wakho uziva ungalunganga kangako ngenxa yokutya okungancedi kwimpilo, ukungalali ngokwaneleyo, okanye ukungashukumisi umzimba ngokwaneleyo.

Buza usapho lwakho:



Yintoni enye esinokuyenza ukugcina imizimba yethu isempilweni kwaye yomelele?

Ukuba kungakho into endifuna ukuyazi ngomzimba wam, ndingathetha nabani?





Izandi

Tshintshanani
ukuhlaziya ezi zandi:



Ukudikhowuda

Hlanganisa izandi ukufunda amalungu.

shi	phi
sha	pho



Ukuenkhowuda

Fumana onke amagama ebalini
asebenzisa:

sh ph

Bhala uluhlu lwala magama kwincwadi
yakho yokubhala.



Utyibiliko

Tshintshanani ukufunda ngokuvakalayo:

UShumi uneshishini elingaphesheya kwesitalato.
Uthengisa iisheti ezimhlophe ezishushu. Abathengi
bayazithenga kuba bathi zishushu. UShumi uyavuya.

Iphepha lika Phumzile liphaphatheke laya kuwela
eyadini yakulo Phumla. Liphaphatheka ngexesha
ehleli phandle edlala. UPhumla uphumile walithatha.

Ndibone indlovu imile. Indlovu inendlebe ende.
Umama naye uyibonile indlovu.



Izandi

Tshintshanani
ukuhlaziya ezi zandi:



Ukudikhowuda

Hlanganisa izandi ukufunda amalungu.

rha	xhi
xho	rhe



Ukuenkhowuda

Fumana onke amagama ebalini
asebenzisa:

rh xh

Bhala uluhlu lwala magama kwincwadi
yakho yokubhala.



Utyibiliko

Tshintshanani ukufunda ngokuvakalayo:

Umama ugalela irhewu. Utata uyalithanda irhewu.
Nam ndiyalirhalela kakhulu. Utata urhabule wanika
ubhuti. Ubhuti urhabule wadlulisa kum. Ndirhalela
ukulisela ndiligqibe.

Ubhuti ugodole waxhaxha. Uxhaxhe wade walala.
Umama uxhume wafuna iyeza. Ufike ubhuti exhuzula.
Utata uxhalabe kakhulu. Umama naye unexhala.

Unxubile kuba unxaniwe. Ufike enalo nenxeba.



Izandi

Tshintshanani ukuhlaziya ezi zandi:



Ukudikhowuda

Hlanganisa izandi ukufunda amalungu.

dla	qho
ng'a	dli



Ukuenkhowuda

Fumana onke amagama ebalini asebenzisa:

qh ng' dl

Bhala uluhlu lwala magama kwincwadi yakho yokubhala.



Utyibiliko

Tshintshanani ukufunda ngokuvakalayo:

Umama uthwele iqhiya. Uyibophe yaneqhuma. Liqinile iqhuma leqhiya kamama. Usisi uqhele ukuhlala nomama. Thina siqhele ukuhlala notata. Utata uqhayisa ngathi elalini.

Ing'ang'ane sisilwanyana esihlala endle. Ing'ang'ane lona liyabhabha libukeka ngathi yintaka. Lichola ukutya emhlabeni. Aling'ong'ozi lona ngomlomo walo.

ULizo udlala ibhola. Dlula apha ubone. Nathi sidlala ibhola noLizo.

Siyathanda ukudlala ibhola. Dlalisa nosisi ibhola. Dlalani nani nobhuti.

Dlulisa kusisi naye adlale.



Umxholo: **Imizimba yethu**



Izandi

Tshintshanani ukuhlaziya ezi zandi:



Ukudikhowuda

Hlanganisa izandi ukufunda amalungu.

gci	gqu
hlo	hla



Ukuenkhowuda

Sebenzisa ezi zandi zingezantsi ukwenza amagama:

r	gc	n	hl	a	e
i	o	u	m	l	gq

Bhala la magama kwincwadi yakho yokubhala.



Utyibiliko

Tshintshanani ukufunda ngokuvakalayo:

UHlengiwe nomhlobo wakhe uHlumelo babedla emithini emikhulu ehlathini. Babedlala behleka kumnandi. Umhlaba ababedlala kuwo wawumanzi. Bahlamba izandla behleka bevuya.

UGcobani uthathe imali kasisi. Usisi uthi uGcobani lisela. Umama ugcada iqanda. Umama uthanda ukugcada iqanda. Umama ugcine imali katata.

Gqitha ugqogqe kakuhle. Gqogqa ude wonele. Gqithela nangapha ugqogqe. Ugqibile ngoku ukugqogqa? Gqogqa ugqibe sidiniwe nguwe. Uligqolo eligqiba imali.



Utyibiliko

Tshintshanani ukufunda ngokuvakalayo:

UZama usebenzisa umzimba wakhe

UZama waphuma ebhedini. Wasebenzisa imilenze yakhe ukuya kwigumbi lokuhlambela. Wasebenzisa amehlo akhe ukukhangela isepha waza wahlamba.

Esikolweni uZama wasebenzisa umlomo wakhe ukuphendula imibuzo katitshala wakhe. Wasebenzisa ubuchopho ukucinga. Ngekhofu uZama wasebenzisa imilenze yakhe ukubaleka ebaleni.

Ekhaya uZama wenza umsebenzi wakhe wesikolo. Wasebenzisa ubuchopho bakhe kakhulu! Emva koko, wadlala egadini nosisi wakhe. Wabonisa udadewabo ukuba iphoswa njani na ibhola.

Ekupheleni kosuku, uZama wafumana into esiwa ngasethunjini wasela namanzi. Wahlamba ke waya ebhedini. Wancuma wathi, “Ndisebenzisa umzimba wam yonke imihla. Ndiyabulela ngezinto endinokuzenza.”





Ingqiqo nokuqonda

1. Wayenombulelo ngantoni uZama?

- a. Ngobuchopho bakhe bokucinga.
- b. Ngeengalo zakhe zokwanga abahlobo bakhe.
- c. Ngomzimba wakhe, ngazo zonke izinto onokuzenza.

2. Wenza ntoni uZama emva kwesidlo sangokuhlwa?

- a. Wadlala egadini
- b. Wahamba waya ebhedini
- c. Wasela amanzi



Imofoloji

Hlela amagama abe kwisinye kunye nakwisininzi.

Bhala uluhlu lwala magama kwincwadi yakho yokubhala.

Krwelela umgca ngaphantsi imofimi esixelela ukuba ikwisinye okanye ikwisininzi.

amakhowa ikhowa
imbombozi iimbombozi

Isinye

Isininzi



Izandi

Tshintshanani ukufunda esi sandi:



Ukudikhowuda

Hlanganisa izandi ukufunda amalungu.

gxa	gxi
gxu	gxo



Ukuenkhowuda

Fumana onke amagama ebalini asebenzisa:

gx

Bhala uluhlu lwala magama kwincwadi yakho yokubhala.



Utyibiliko

Tshintshanani ukufunda ngokuvakalayo:

Umakhulu ugxelesha uGcobisa kuba uyagxadazela. Umakhulu uyamgxotha akafuni awele esitovini. Umakhulu ucinga ingxaki enokumehlela ngelixa egxadazela esiya esitovini. Ugxalathelene egxanya ukuya kuphuma emnyango uGcobisa. Umakhulu uthethe emngxolisa kakhulu.



Izandi

Tshintshanani
ukudibanisa ezi
zandi kunye:



+



Ukudikhowuda

Hlanganisa izandi ukufunda amalungu.

gxwa	gxwo
gxwu	gxwi



Ukuenkhowuda

Fumana onke amagama ebalini
asebenzisa:

gxw

Bhala uluhlu lwala magama kwincwadi
yakho yokubhala.



Utyibiliko

Tshintshanani ukufunda ngokuvakalayo:

Emva kwengozi yemoto uLizo washiyeka
eyingxwelerha emasikizi. Kwabakho
ingxwabangxwaba enkulu njengoko abantu
babezama ukumnceda. Utata ucinga ubugxwayiba
unyana wakhe ashiyeke ekubo.



Izandi

Tshintshanani ukufunda esi sandi:



Ukudikhowuda

Hlanganisa izandi ukufunda amalungu.

gra	gri
gre	gro



Ukuenkhowuda

Fumana onke amagama ebalini asebenzisa:

gr

Bhala uluhlu lwala magama kwincwadi yakho yokubhala.



Utyibiliko

Tshintshanani ukufunda ngokuvakalayo:

Utata ugrumba umngxuma ufuna ukulahla udoti.
Umama yena ugraya amabele ufuna ukupheka isidudu. Utata ugrogrisa uSipho ngokumfaka emngxunyeni. Utata ubona ukuba agalele igrabile kulomngxuma.



Ukubalisa amabali ngobuchule



Izandi

Tshintshanani ukudibanisa ezi zandi kunye:



+



Ukudikhowuda

Hlanganisa izandi ukufunda amalungu.

grwa	grwe
grwo	grwu



Ukuenkhowuda

Sebenzisa ezi zandi zingezantsi ukwenza amagama:

gr	m	w	ny	j	a
e	i	o	u	l	k

Bhala la magama kwincwadi yakho yokubhala.



Utyibiliko

Tshintshanani ukufunda ngokuvakalayo:

Sibona umama egrwamza iapile eteksini. Ufika ekhaya sele liphelile. Uyabuza utata ukuba uyigrwamzela ntoni na iapile angabaphatheli bona.



Utyibiliko

Tshintshanani ukufunda ngokuvakalayo:

USipho imbaleki

USipho wayekuthanda ukubaleka.

Wayenokhuphiswano olukhulu awayefuna ukuluphumelela kwaye sele lukufuphi. Waziva esoyika kancinci. Ezinye iimbaleki zazikhawuleza kakhulu.

Yonke imihla, uSipho wayezilolonga ukuze alungele ukhuphiswano. Yonke imihla ukuphuma kwesikolo, uSipho wayesiya ebaleni. Okokuqala, uSipho wolula izihlunu

zomlenze nezomqolo. Wayengafuni kwenzakala. Emva koko, uSipho wabaleka enyuka esehla ebaleni. Wabaleka de izihlunu zaba buhlungu. Ukubaleka yayingumsebenzi onzima. Kodwa ukubaleka kwamenza waziva evuya kakhulu.

Ngosuku olungaphambi kokubaleka, uSipho waziva ekulungele ukubaleka. Wayesebenza nzima kakhulu. Wabulela ngomzimba wakhe. Wabulela ngokuba yimbaleki ekhawulezayo.





Ingqiqo nokuqonda

Bhala iimpendulo encwadini yakho:

1. Wenza ntoni uSipho ukunqanda ukwenzakala?

- a. Wayezilolonga yonke imihla.
- b. Wabaleka esihla enyuka ebaleni.
- c. Wolula izihlunu zakhe.

2. Ukubaleka kwamenza waziva njani uSipho?

- a. Ukubaleka kwenza uSipho azive evuya kakhulu.
- b. Ukubaleka kwenza uSipho azive esoyika.
- c. Ukubaleka kwenza uSipho azive ebuhlungu.



Imofoloji

Hlela amagama abe kwisinye kunye nakwisininzi.

Bhala uluhlu lwala magama kwincwadi yakho yokubhala.

Krwelela umgca ngaphantsi imofimi esixelela ukuba ikwisinye okanye ikwisininzi.

ichaphaza

umxwesi

abaxwesi

amachaphaza

Isinye

Isininzi

Umxholo: Sisombulula iminqa

Ukutyetyiswa kolwimi:

Iqhina

Umbuzo oxakekisayo ofuna ucinge ngaphezu kwemida eqhelekileyo ukuze ufumane impendulo.

Ndiyakwazi ukuvala iminyango, kodwa andinazandla. Ndingubani?

Impendulo: Umoya

Umoya unokuvuthela ucango luvaleke, kodwa umoya awunazandla, awunamiqheba kwaye awunamzimba wenyama, kodwa usenako ukuvala iingcango.

Amabali:

Idayari kaMandu eyimfihlo



Undize



Isigama

sombulula: Ukufumana impendulo okanye ukulungisa ingxaki.

umkhondo: Isuntswana lenkcukacha ekunceda ufumane impendulo kwinto ethile.

idayari: Incwadi eyimfihlo apho ubhala ngosuku lwakho, iingcinga kunye neemvakalelo.

umnqa: Into engaziwayo okanye engachazwanga ekwenza ube nomdla wokwazi.

zimela: Ukuya endaweni okanye ubeke into apho abanye bangenakuyibona.

funa: Ukukhangela into okanye umntu olahlekileyo okanye ofihliweyo.

ayibonakali: Ayikho apho ibifanele ukubakhona, idukile okaye ikude (njengento yokudlala ongayifumaniyo).

ziqothe: Ukugoba amadolo akho uzisonge aze onke amalungu omzimba wakho asondelelane, intloko ijonge kuwo.

Isigama

umcuphi:	Umntu okhangela umkhondo wokufumanisa ukuba kwenzeke ntoni.
ubungqina:	Izinto okanye iinyaniso ezibonisa okanye ezikhokelela kwiimpawu zesisombululo, njengomkhondo wonyawo okanye inqaku.
umrhanelwa:	Umntu esicinga ukuba kunokuba wenze into ethile. Kufuneka siqinisekise ukuba yinyani na.
khangela:	Ukujonga ngononophelo into okanye umntu.

Buza usapho lwakho:



Ingaba wakhe wanawo umnqa ebomini bakho? Ukuba kunjalo, ungandibalisela ngawo?

Iminqa ingonwabisa! Ingaba singanakho ukunikana imikhondo sisombulule umnqa?





Izandi

Tshintshanani ukufunda esi sandi:

ng

ingubo



IBANGA 2

ISIXHOSA

Copyright © 2020. This work is openly licensed via CC BY-NC-ND 4.0 NHRP



Ukudikhowuda

Hlanganisa izandi ukufunda amalungu.

nga	ngi
ngu	ngo



Ukuenkhowuda

Fumana onke amagama ebalini asebenzisa:

ng

Bhala uluhlu lwala magama kwincwadi yakho yokubhala.



Utyibiliko

Tshintshanani ukufunda ngokuvakalayo:

Ingoma kamama yile. Yeyam le ingubo. Yingubo kamama le. Mamela le ngoma kamama. Yingoma yecawa le ayimamelayo umama. Uyazithanda iingoma zecawa. Ingaba uyazithanda iingoma zecawa umama? Uyakuthanda ukucula ngakumbi ezibethisa igubu.



Izandi

Tshintshanani ukudibanisa ezi zandi kunye:



+



Ukudikhowuda

Hlanganisa izandi ukufunda amalungu.

ngwe	ngwo
ngwu	ngwi



Ukuenkhowuda

Fumana onke amagama ebalini asebenzisa:

ngw

Bhala uluhlu lwala magama kwincwadi yakho yokubhala.



Utyibiliko

Tshintshanani ukufunda ngokuvakalayo:

USipho wayezihambela ehlathini onwabile ezingela. Wothuka kukubona ingwenya ihambahamba apho. Wathi esothukile wabona ingwe, wakhumbula ukuba ingwe idla ngamabala. Amabala engwe ayathandeka, enza yohluke nakwingonyama.



Izandi

Tshintshanani ukufunda esi sandi:



Ukudikhowuda

Hlanganisa izandi ukufunda amalungu.

dya	dyu
dyi	dyo



Ukuenkhowuda

Fumana onke amagama ebalini asebenzisa:

dy

Bhala uluhlu lwala magama kwincwadi yakho yokubhala.



Utyibiliko

Tshintshanani ukufunda ngokuvakalayo:

Imvula iyadyudyuza. Ubhuti unedyudyu yile mvula. Ucinga izinto zakhe. Xa idyudyuza konakala izinto. Kufuneka unxibe idyasi eshushu. Ubhuti ucinga idyokhwe yenkomo ayishiye phandle. Ucinga neegusha ezingatyiwa ngudyakalashe emasimini.



Umxholo: **Sisombulula iminqa**



Izandi

Tshintshanani ukudibanisa ezi zandi kunye:

dy

idyasi





IBANGA 2
ISIXHOSA

Copyright © 2020. This work is openly licensed via CC BY-NC-ND 4.0. NHERP

+

Ww

iwotshi





IBANGA 2
ISIXHOSA

Copyright © 2020. This work is openly licensed via CC BY-NC-ND 4.0. NHERP



Ukudikhowuda

Hlanganisa izandi ukufunda amalungu.

dywa	dywu
dywi	dywo



Ukuenkhowuda

Sebenzisa ezi zandi zingezantsi ukwenza amagama:

dy	n	a	e	i	o
u	w	m	k	l	h

Bhala la magama kwincwadi yakho yokubhala.



Utyibiliko

Tshintshanani ukufunda ngokuvakalayo:

Ngexesha kudyusha izikolo zicula, uSipho wadywabadeka eludakeni. Kusebusuku kungena dyulukudu uSipho emanzini amdaka anukayo. Ufike ekhaya wakhulula wahlamba.



Utyibiliko

Tshintshanani ukufunda ngokuvakalayo:

Ibhola elahlekileyo

Kwakukusasa, uSam noZama baphuma phandle bayodlala. Ilanga lalikhanya. Yayilusuku oluhle lokudlala ibhola. Bakhangela ibhola yabo ebomvu, kodwa yayingekho.

USam wathi, “Ibhola yethu ayikho!”

“Masisombulule imfihlakalo!” wachaza uZama.


Bajonga ngaphantsi kwesitulo. Zange bayibone ibhola. Bajonga emva komthi, kodwa abayibona ibhola. Emva koko, babona imizila emincinane esantini.

“Ndicinga ukuba le mizila yimikhondo,” uchazile uZama.

“Masilandele umkhondo sibone,” uchazile uSam.

Ekupheleni, babona ibhola ebomvu emngxunyeni wesanti. Injana encinci yayidlala ngebhola!

USam noZama bahleka. Baziva kamnandi ukuba bayisombulule le mfihlelo.





Ingqiqo nokuqonda

Bhala iimpendulo encwadini yakho.

1. Yintoni eyayilahlekile?

- a. Yinjana
- b. Yibhola
- c. Ngumgodana wesanti

2. USam noZama bakhangela phi?

- a. Ngaphantsi komthi nasemva kwesitulo.
- b. Ngaphantsi kwesitulo nasemva komthi.
- c. Ngaphantsi kwenjana nasemva komgodana wesanti.



Imofoloji

Hlela amagama abe kwisinye kunye nakwisininzi.

Bhala uluhlu lwala magama kwincwadi yakho yokubhala.

Krwelela umgca ngaphantsi imofimi esixelela ukuba ikwisinye okanye ikwisininzi.

impempe

OoGcobani

uGcobani

iimpempe

Isinye

Isininzi



Ukudikhowuda

Funda amagama amade:

Khuphela igama encwadini yakho:

bayafuduka

Fumana ukrwelele zonke izikhamiso:

bayafuduka

Yongeza ukwahlulwa kwelungu:

ba/ya/fu/du/ka

Funda amalungu:

ba-ya-fu-du-ka

Hlanganisa amalungu ufunde igama:

bayafuduka

Phinda ngamagama:

ugxothiwe

ishishini

ukuxhaphaza

umthuthuzeli



Ukuenkhowuda

Fakela amagama ashiyiweyo:

**ugxothiwe ukhabe
ukuxhaphaza**

1. ULizo_____ ibhola yangena endlini.

2. USipho_____ esikolweni.



Ukuenkhowuda

Mangaphi amagama onokuwabhala ngo:

Jonga ukuba mangaphi amagama onokuwenza ngesandi ngasinye. Bhala uluhlu encwadini yakho.

ch kh

Yenza isivakalisi usebenzisa amagama amabini.



Ukudikhowuda

Lungisa ezi zivakalisi:

1. esikolweni uya uLizo

2. inkwenkwe izinja ziluma

3. ukutya upheka umama



Ukudikhowuda

Funda amagama amade:

Khuphela igama encwadini yakho:

iyaphaphatheka

Fumana ukrwelele zonke izikhamiso:

iyaphaphatheka

Yongeza ukwahlulwa kwelungu:

i/ya/pha/pha/the/ka

Funda amalungu:

i-ya-pha-pha-the-ka

Hlanganisa amalungu ufunde igama:

iyaphaphatheka

Phinda ngamagama:

ububele

ubulungisa

ubuhlanga

iyaphaphatheka



Ukuenkhowuda

Fakela amagama ashiyiweyo:

**imfama idyokhwe
ishumi**

1. Umntu ongaboniyo

y_____.

2. Indoda

ithwele_____entanyeni.

3. UZanele

ugqibe_____leminyaka.



Ukuenkhowuda

Mangaphi amagama onokuwabhala ngo:

Jonga ukuba mangaphi amagama onokuwenza ngesandi ngasinye. Bhala uluhlu encwadini yakho.

sh rh

Yenza isivakalisi usebenzisa amagama amabini.



Ukudikhowuda

Lungisa ezi zivakalisi:

1. umntwana umama
unxibisa

2. niyokuthenga hambani
evenkileni

3. lakho lilungelo imfundo



Ukudikhowuda

Funda amagama amade:

Khuphela igama encwadini yakho:

isibophelelo

Fumana ukrwelele zonke izikhamiso:

isibophelelo

Yongeza ukwahlulwa kwelungu:

i/si/bo/phe/le/lo

Funda amalungu:

i-si-bo-phe-le-lo

Hlanganisa amalungu ufunde igama:

isibophelelo

Phinda ngamagama:

imbuyekezo

ubugorha

ukuzimela

uyakhathala



Ukuenkhowuda

Mangaphi amagama onokuwabhala ngo:

Jonga ukuba mangaphi amagama onokuwenza ngesandi ngasinye. Bhala uluhlu encwadini yakho.

ng dy

Yenza isivakalisi usebenzisa amagama amabini.



Ukuenkhowuda

Fakela amagama ashiyiweyo:

ulele beka usisi


1. Utata ubetha ____.
2. Umntwana ____ ebhedini.
3. ____ imali kamama.



Ukudikhowuda

Lungisa ezi zivakalisi:

1. xa endleleni qaphela uhamba
2. ibhola utata ukhaba
3. umama nosisi uhamba



Ukubalisa amabali ngobuchule



Ukudikhowuda

Funda amagama amade:

Khuphela igama encwadini yakho:

ukuzihlangula

Fumana ukrwelele zonke izikhamiso:

ukuzihlangula

Yongeza ukwahlulwa kwelungu:

u/ku/zi/hla/ngu/la

Funda amalungu:

u-ku-zi-hla-ngu-la

Hlanganisa amalungu ufunde igama:

ukuzihlangula

Phinda ngamagama:

uqhoqhoqho

iqhakuva

ukuziqhelanisa

ukuqhathanisa



Ukuenkhowuda

Fakela amagama ashayiweyo:

**udlala uhamba
upheka**

1. Umama_____ ukutya.

2. ULizo_____ ibhola.

3. Utata_____ noSipho.



Ukuenkhowuda

Mangaphi amagama onokuwabhala ngo:

Jonga ukuba mangaphi amagama onokuwenza ngesandi ngasinye. Bhala uluhlu encwadini yakho.

gx gr

Yenza isivakalisi usebenzisa amagama amabini.



Ukudikhowuda

Lungisa ezi zivakalisi:

1. ukucula uyakuthanda
uPhumla
2. imali nantsi uye
thatha kuthenga
3. kamnandi ucula
umama



Utyibiliko

Tshintshanani ukufunda ngokuvakalayo:

Ibhokisi yesidlo sasemini elahlekileyo

Ngekhefu, uLizo wavula ubhaka wakhe wesikolo. Wajonga ngaphakathi. Ibhokisi yakhe yesidlo sasemini yayingekho. ULizo waziva elusizi kwaye elambile. “Ibhokisi yam yesidlo sasemini ayikho,” wachaza uLizo. UNaledi waza kumnceda. “Masisombulule imfihlakalo,” wachaza.

ULizo noNaledi bajonga ngaphantsi kwedesika nasemva kwesitulo. Bajonga nasemva kocango. Babuza abahlobo, kodwa akukho mntu wayibonayo ibhokisi yesidlo sasemini.

Emva koko uNaledi wabona umkhondo! Wabona iimvuthuluka zesonka phantsi. Balandela iimvuthuluka zesonka ukuya kwikona yokufunda. Ibhokisi yesidlo sasemini kaLizo yayisemethini. Impuku enkulu yayizenzela kwisonka sikaLizo! ULizo waleqa impuku. UNaledi wasichola isonka.

“Laa mpuku inkulu izenzele kwisidlo sam sasemini!” wachaza uLizo.





Ingqiqo nokuqonda

Bhala iimpendulo encwadini yakho.

1. Waziva njani uLizo xa ibhokisi yakhe yesidlo sasemini ingekho?

- a. Onwabile kwaye enemincili.
- b. Elusizi kwaye elambile.
- c. Enomsindo kwaye elusizi.

2. Yeyiphi imikhondo awayibonayo uNaledi?

- a. Ibhokisi yesidlo sasemini emethini.
- b. Iimvuthuluka phantsi.
- c. Impuku kwikona yokufunda.



Imofoloji

Hlela amagama abe kwisinye kunye nakwisininzi.

Bhala uluhlu lwala magama kwincwadi yakho yokubhala.

Krwelela umgca ngaphantsi imofimi esixelela ukuba ikwisinye okanye ikwisininzi.

isikweko izikweko	iqhina amaqhina
----------------------	--------------------

Isinye

Isininzi

Sala kakuhle!
Hlala ufunda
yonke imihla.





IKOTA 2



Umxholo: Siyavakalelwa

Ukutyetyiswa kolwimi:

Iqhina

Umbuzo oxakekisayo ofuna ucinge ngaphezu kwemida eqhelekileyo ukuze ufumane impendulo.

Qashi qashi ndiyabonakala kodwa andibonwa, ndibangela ukuba uhleke okanye ulile, ndingena entliziyweni ndingankqonkqozanga, ndiyintoni?

Impendulo: iimvakalelo

Imvakalelo yomntu noxa ingabonwa ngeliso lenyama, iimpawu zeemvakalelo ezahlukileyo ziyabonakala, umz. Ukuhleka okudiza ulonwabo, ukulila okubonisa ukukhathazeka njl.njl.

Amabali:

ULitha eqongeni



UBantu uziva elusizi



Isigama

iqonga:	Yindawo ephakamileyo apho abantu bathi balinganise khona imidlalo.
ukulinganisa:	Ukubonisa ngokwenza, ukucula okanye ukudanisa usenzela abanye.
uphicotho:	Ilinge lokuzama ukubona ukuba ungalifumana ithuba lokuba yinxalenye yomdlalo okanye umboniso.
ababukeli:	Iqela labantu ababukele umboniso.
ichukumisa umxhelo:	Into ekwenza uthi “Wowu!” kuba incomeka kwaye imangalisa.
akekho:	Ukungabikho apho bekumele ubekho.
ubalule:	Uthethe okuthile.
intlungu:	Imvakalelo yokukhathazeka xa ushiywe ngulowo ubumthanda okanye kwenzeke into ekhathaza kakhulu.

Isigama

inkangeleko yobuso:

Indlela ubuso bakho oobubonakala ngayo xa unemvakalelo ngokuthile.

imvakalelo ezixutyiweyo:

Xa uneemvakalelo ezimbini ezahlukileyo ngexesha elinye.

didekile:

Xa ungaqinisekanga ngento eyenzekayo okanye omele ukuyenza. Ingqondo yakho iziva ididekile.

itekhnoloji:

Itekhnoloji yinto esetyenziswa ngabantu ukubanceda benze izinto ngokulula, njengokufunda, ukuthetha nabanye, okanye ukusombulula iingxaki.

Buza usapho lwakho:



Yintoni into ekwenza uzive unomsindo okanye ukhathazekile?

Ngubani othetha naye malunga neemvakalelo zakho?





Izandi

Tshintshisanani ukufunda zonke izandi enifanele ukuzazi:

a	b	c	e	i
l	o	s	u	m
d	t	f	n	y
g	h	q	w	j
k	r	x	v	z
p	bh	ch	kh	th
sh	ph	rh	xh	qh
ng	dl	hl	gc	gq
gx	gr	ng'	dy	gxw
grw	ngw	dyw	dw	jw
kw	tr	xw	mv	zw
mp	mb	chw	khw	thw

Xoxa neqabane lakho:

1. Sesiphi isandi obungasazi? Bhala uluhlu lwezandi encwadini yakho.
2. Zeziphi izandi odinga ukuziqhelanisa ukuzifunda? Bhala uluhlu lwezandi encwadini yakho.

Ziqhelanise ukufunda nokubhala izandi:

- Zenzele oonotsheluza bakho bokusebenza ekhaya.
- Cela ukugoduka neNcwadi yokufunda enguNdoqo yakho. Ziqhelanise ukufunda kweli phepha.
- Cela usapho lwakho lukubizele izandi ezahlukileyo. Zibhale phantsi ezi zandi.



Ukudikhowuda

Tshintshanani ukufunda amagama ekumele ukuba niyawazi:

baleka	isisele	aba	idwala	umlilo
tshisa	shukumisa	ibhabhathane	hlanganisa	ixhego
uzwane	ingwevu	itrasi	dlalisa	isacholo
khulula	uxwebile	uthwele	imvakalelo	graya
imbalela	chwechwa	grwamza	impilo	idyasi
elalini	gcina	ilizwe	ipokotho	isijwili
ikhabhathi	galela	izolo	mamela	gqitha
thwala	ingoma	ishushu	irhamba	idyokhwe
iculo	ufudo	inene	impuku	qala
eli	iwele	vala	ujingi	itafile
thetha	ing'ang'ane	yona	ubugxwayiba	uxam
ihamile	gxwala	uluvo	isikweko	phuma

Xoxa neqabane lakho:

1. Ngawaphi amagama ongawazanga? Bhala uluhlu lwala magama encwadini yakho.
2. Ngawaphi amagama odinga ukuziqhelanisa ukuwafunda? Bhala uluhlu lwala magama encwadini yakho.

Ziqhelanise ukufunda nokubhala amagama:

- Ziqhelanise ukuwabiza ngezandi amagama ongawaziyo.
- Cela usapho lwakho lukubizele amagama ohlukeneyo. Wabhale phantsi la magama.



Umxholo: **Siyavakalelwa**



Imofoloji

- KwiKota 1, siwabeke amagama ngokweSinye **1** nesiNinzi **2+**
- Khuphela amagama angezantsi encwadini yakho.
- Gqibezela uluhlu ngokufakelela amagama akwisinye okanye isininzi.

Isinye 1	Isininzi 2+
umntu	_____
_____	abancedi
umfazi	_____
umlimi	_____
_____	amahlahla
inxeba	_____
ikhowa	_____
_____	iimbombozi
umxwesi	_____
ichaphaza	_____
_____	iimpempe
uGcobani	_____

Xoxa neqabane lakho:

1. Sesiphi isakhi kwigama esibonisa ukuba lisisinye okanye isininzi? Bhala uluhlu lwezi zakhi encwadini yakho.

Ingaba uyakhumbula?

Isakhi segama sibizwa ngokuba yimofimi.



Utyibiliko

Tshintshanani ukufunda ngokuvakalayo.

Funda de ube unakho ukufunda ibali ngaphandle kokwenza iimpazamo:

UGcobani ukhwele imoto katatomkhulu wakhe uvela esikolweni. “Xa kuphuma isikolo ndiza kuhamba ngemoto katatomkhulu wam.” watsho uGcobani.

“Angavuma ukusikhwelisa thina?” wabuza uLizwi. Kuthe ngelolixa wafika utatomkhulu. Wabaleka uGcobani ukuyokhwela imoto eshiya abahlobo.



Utyibiliko

Tshintshanani ukufunda ngokuvakalayo.

Funda ibali ngesantya esilungileyo, ngokungathi uyathetha:

UGcobani ukhwele imoto katatomkhulu wakhe uvela esikolweni. “Xa kuphuma isikolo ndiza kuhamba ngemoto katatomkhulu wam.” watsho uGcobani.

“Angavuma ukusikhwelisa thina?” wabuza uLizwi. Kuthe ngelolixa wafika utatomkhulu. Wabaleka uGcobani ukuyokhwela imoto eshiya abahlobo.



Utyibiliko

Tshintshanani ukufunda ngokuvakalayo.

Funda ibali ngemvakalelo:

UGcobani ukhwele imoto katatomkhulu wakhe uvela esikolweni. “Xa kuphuma isikolo ndiza kuhamba ngemoto katatomkhulu wam.” watsho uGcobani.

“Angavuma ukusikhwelisa thina?” wabuza uLizwi. Kuthe ngelolixa wafika utatomkhulu. Wabaleka uGcobani ukuyokhwela imoto eshiya abahlobo.



Utyibiliko

Tshintshanani ukufunda ngokuvakalayo:

Ndingavakalelwa

Ndingaziva izinto ezininzi. Ndingaziva ndilusizi.
Ndingaziva ndinomsindo. Ndingaziva ndonwabile.

Ndiziva lusizi xa ithoyisi lam lilahlekile. Ndiziva lusizi
xa ndisikeka okanye ndikrweleka. Ndiziva lusizi xa
ndikhumbula umama.

Ndingaziva ndinomsindo. Ndaziva ndinomsindo xa
wayesithi umama hayi kum. Ndaziva ndinomsindo
xa utata engazange andifumanele nto. Ndaziva
ndinomsindo xainja yam indiluma.

Ndiziva ndonwabile kakhulu. Ndiziva ndonwabile xa
ndicula. Ndiziva ndonwabile xa ndibaleka. Ndiziva
ndonwabile xa ndiqubha. Ndiziva ndonwabile xa
ndikunye nomama
notata wam.

Uziva ulusizi
nini? Uziva
unomsindo
nini? Uziva
wonwabile
nini?





Ingqiqo nokuqonda

Khuphela uze ugqibezele izivakalisi:

1. Ndiziva lusizi xa...
2. Ndiziva ndinomsindo xa...
3. Ndiziva ndonwabile xa...



Imofoloji

Funda amagama akwibloko enombala.

Emva koko, khuphela izivakalisi encwadini yakho. Gqibezela isivakalisi ngegama elichanekileyo.

bona

uyabona

wabona

uyibonile

Umama u _____ umntwana.



Izandi

Tshintshisanani ukufunda isandi:



Ukudikhowuda

Tshintshisanani ukufunda amagama:

ukutya

isitya



Ukuenkhowuda

Khangela kwitekisi onke amagama asebenzisa:

kh ty

Bhala uluhlu lwala magama encwadini yakho yokubhala.



Utyibiliko

Tshintshanani ukufunda ngokuvakalayo:

Umama ucela ukutya.

Izityalo zikatata.

Utata ucela ukutya kumama. Umama uphakela utata ukutya. Umphakela esityeni sakhe esophukayo. Uthe akugqiba ukutya waphakama waya esityeni sakhe esinezityalo. Uzityale ehlotyeni.

Uthe xa ezijonga utata izityalo akazibona, wasondela. Izityalo zakhe zityiwe yinkomo engene egadini. Wacaphuka utata ecinga umsebenzi ongaka wokukhulisa izityalo kanti ziza kutyiwa yinkomo.



Izandi

Tshintshisanani
ukuhlanganisa ezi
zandi:



+



Ukudikhowuda

Tshintshisanani ukuhlanganisa izandi:

nty	ntya
ntyi	ntye



Ukuenkhowuda

Hlengahlengisa oonobumba wakhe
amagama:

zanttyilo
anttyonty

Bhala la magama encwadini yakho.



Utyibiliko

Tshintshanani ukufunda ngokuvakalayo:

Iintaka ziyanttyiloza.

Iintaka ezityebileyo ziyanttyiloza ukuphuma kwelanga.
Ziqaqamba okweentyatyambo ehlotyeni. Umama
yena sisityebi esinttyonttyisa iimbottyi embizeni.




Ukuenkhowuda

Yakha amagama usebenzisa ezi zandi.
Bhala la magama encwadini yakho.

i-s-i-ty-a-l-o
i-y-a-n-ty-i-l-o-z-a

n	ty	a	l	z	kh
i	s	y	b	o	u





Ukubalisa amabali ngobuchule



Izandi

Tshintshisanani ukufunda isandi:



Ukudikhowuda

Tshintshisanani ukufunda amagama:

tsala

tsiba



Ukuenkhowuda

Khangela kwitekisi onke amagama asebenzisa:

l ts

Bhala uluhlu lwala magama encwadini yakho yokubhala.



Utyibiliko

Tshintshanani ukufunda ngokuvakalayo:

ULizo utsibe wabamba utsotsi.

ULizo utsibela utsotsi.

ULizo ubona utsotsi xa evela evenkileni. Utsotsi utsiba ucingo ophule ifesitile. Ukhawuleze ngoko uLizo wafika esazama ukophula ifesitile. Umtsibele utsotsi bajijisana.

Umakhulu ubone kwangoko wakhwaza abahlali. Bambetha kanobom abahlali babiza iveni yamapolisa ambamba. ULizo ushiyeke ebonakala njengeqhawe ekuhlaleni.



Izandi

Tshintshisanani
ukuhlanganisa ezi
zandi:



+



Ukudikhowuda

Tshintshisanani ukuhlanganisa izandi:

nts	ntse
ntsi	ntsu



Ukuenkhowuda

Hlengahlengisa oonobumba wakhe
amagama:

asntsai
ointsmi

Bhala la magama encwadini yakho.



Utyibiliko

Tshintshanani ukufunda ngokuvakalayo:

Umakhulu ubalisa intsomi ebusuku.

Umakhulu wam esaphila wayekuthanda ukusibalisela
iintsomi. Wayezibalisa iintsuku zide zilandelelane.
Sasikuthanda ukusoloko sitsalana ngaye sifuna
asibalisele intsomi.



Ukuenkhowuda

Yakha amagama usebenzisa ezi zandi.
Bhala la magama encwadini yakho.

u-y-a-ts-a-l-a
i-n-ts-i-m-i

n	ts	e	o	y	a
i	l	sh	z	m	u





Utyibiliko

Tshintshanani ukufunda ngokuvakalayo:

Ncuma kwaye ufinge iintshiyi

Xa ndiziva ndonwabile, ndiyancuma. Xa ndiziva ndikhathazekile ndifinga iintshiyi. Ukuba undibona ndincumile, ndonwabile. Ukuba undibona ndifinge iintshiyi, ndikhathazekile.

Umama wathi ukufinga iintshiyi luncumo olujonge phantsi. Ingaba ucinga ukuba ukufinga iintshiyi luncumo olujonge phantsi?

Utata wathi uncumo lufana nesithsaba. Wathi uncumo lunokukwenza ukhanye. Wathi uncumo lunokukwenza ukhangeleke umhle.

Utatomkhulu wathi uncumo lufana nokukhanya kwelanga. Ukuba ubona uncumo, oko kunokukwenza uzive wonwabile.

Kodwa utatomkhulu wathi mandingancumi kakhulu. Akufuneki ndincume ukuba andiziva ndonwabile. Akufuneki ndincume xa ndiziva lusizi. Akufuneki ndincume xa ndingaziva mnandi.





Ingqiqo nokuqonda

Bhala iimpendulo encwadini yakho:

1. Ngubani othe uncumo lunjengokukhanya kwelanga?
... uthe uncumo lunjengokukhanya kwelanga.
2. Ngubani othe uncumo lunjengesithsaba?
... uthe uncumo lunjengesithsaba.
3. Ngubani othe ukuncuma kukufinga iintshiyi okujonge phantsi?
... uthe kukuncuma okujonge phantsi.



Imofoloji

Funda amagama akwibloko enombala.

Emva koko, khuphela izivakalisi encwadini yakho. Gqibezela isivakalisi ngegama elichanekileyo.

ukuhlamba uyahlamba hlamba uhlambile

Umakhulu uthanda _____.

Umxholo: Sisebenzisa itekhnoloji

Ukutyetyiswa kolwimi:

Isaci

Umbuzo oxakekisayo ofuna ucinge ngaphezu kwemida eqhelekileyo ukuze ufumane impendulo.

Ukunamathelisa amehlo entweni, umz. umabonakude, iselfowuni.

Esi saci sibonisa ukuba nomdla ongaphaya kuloo nto uyibukeleyo. Abantwana kule mihla amehlo abo soloko enamathele kwiselfowuni okanye ukumabonakude.

Amabali:

UZandile usebenzisa i-intanethi



UBuhle usebenzisa izikrini



Isigama

khangela:	Ukufuna ulwazi kwi-intanethi ngokuchwetheza amagama efowunini, ithabhlethi okanye ikhompyutha.
iyabiza:	Xa into ixabisa imali eninzi.
i-intanethi:	Inkqubo yehlabathi jikelele enxulumanisa iifowuni neekhompyutha ukuze abantu bafumane ulwazi baze bathethe nabanye.
idata:	Oko sikuthengayo ukuze sikwazi ukusebenzisa i-intanethi efowunini. Yenza ukwazi ukubukela iividiyo, uthumele imiyalezo, uze ukhangele kwi-intanethi.
iskrini:	Le ndawo isisicaba ingumphambili efowunini, ikhompyutha okanye umabonakude apho ubona khona imifanekiso namagama.
ntshoo:	Ujonge into ixesha elide ngaphandle kokususa amehlo kuyo.
ukungenelela:	Ukuthatha inxaxheba entweni kunye nabanye.
umzuzu:	Ixesha elibalulekileyo okanye elinentsingiselo.

Isigama

izixhobo: Isixhobo yinto esiyisebenzisayo ukusinceda senze umsebenzi othile. Umzekelo, ipensile sisixhobo sokubhala, ilaptop sisixhobo sokuchwetheza.

inkohliso: Inkohliso kuxa umntu othile ekuqhatha ezama ukufumana imali yakho okanye ulwazi ngawe.

Buza usapho lwakho:



Luhlobo luni lwetekhnoloji owawulusebenzisa ngexesha usengumntwana?


Itshintshe njani itekhnoloji ukususela kwixesha wawungumntwana ukuza kutsho ngoku?





Izandi

Tshintshisanani ukufunda isandi:



Ukudikhowuda

Tshintshisanani ukufunda amagama:

ikroti

krazula



Ukuenkhowuda

Khangela kwitekisi onke amagama asebenzisa:

dl kr

Bhala uluhlu lwala magama encwadini yakho yokubhala.



Utyibiliko

Tshintshanani ukufunda ngokuvakalayo:

ULuhle ukrazula amaphepha.

Amaphepha akruzuliwe

Ibilixesha lekhefu uLuhle edlala nabahlobo bakhe. Kubethe intsimbi bangena eziklasini zabo abafundi. ULuhle ufike edesikeni yakhe amaphepha ekrazukile. “Ngubani lo ukrazule amaphepha am?” wabuza uLuhle evutha ngumsindo. Akukho mntu uphendulileyo.

Uthe xa ejonga ecaleni wabona uHlelo ezenza ikroti esalatha uLuvo amcingelayo ukuba nguye lo. “Luhle nguLuvo lo ukrazule amaphepha akho, ndifike ehleli yedwa apha eklasini.” watsho uHlelo.

“Asindim okrazule amaphepha!” watsho uLuvo emangalisekile.



Izandi

Tshintshisanani
ukuhlanganisa ezi
zandi:



+



Ukudikhowuda

Tshintshisanani ukuhlanganisa izandi:

krw	krwi
krwu	krwe



Ukuenkhowuda

Hlengahlengisa oonobumba wakhe
amagama:

ekrwla
empakrw

Bhala la magama encwadini yakho.



Utyibiliko

Tshintshanani ukufunda ngokuvakalayo:

Ikrwala lizikrwempa umzimba.

Emva kwemini yangoMvulo umama wacela ukuba
ndimkhelele iipesika. Ndathi xa ndizibona emthini,
kanti zikrwada. Wacaphuka umama wandikrwela
ngozipho emqolo.




Ukuenkhowuda

Yakha amagama usebenzisa ezi zandi.
Bhala la magama encwadini yakho.

kr-w-a-q-u-l-a
i-kr-e-l-e

kr	w	a	e	ts	l
i	u	th	q	m	d





Umxholo: **Sisebenzisa itekhnoloji**



Izandi

Tshintshisanani ukufunda isandi:



Ukudikhowuda

Tshintshisanani ukufunda amagama:

idzedze

dzulela



Ukuenkhowuda

Khangela kwitekisi onke amagama asebenzisa:

ph dz

Bhala uluhlu lwala magama encwadini yakho yokubhala.



Utyibiliko

Tshintshanani ukufunda ngokuvakalayo:

ULuhle utyiwe lidzedze.

Iyeza lamadzedze

Umama kaDzununu uye edolophini. Uye kuthenga iyeza lokubulala amadzedze. Uwabone emaninzi ngasemva kwekhabhathi. Uthe xa ewajonga waziva ekhathazekile kuba aza kutya abantwana bakaPhakama.

Ufike umama kaDzununu ekhaya wabona ukuba nekati inamadzedze. Wangena wadzulela kweliyeza. Baphakamisa ikati bayigalela.



Izandi

Tshintshisanani
ukuhlanganisa ezi
zandi:



+



Ukudikhowuda

Tshintshisanani ukuhlanganisa izandi:

ndz	ndza
ndze	ndzu



Ukuenkhowuda

Hlengahlengisa oonobumba wakhe
amagama:

dzeidze
bndzondzoila

Bhala la magama encwadini yakho.



Utyibiliko

Tshintshanani ukufunda ngokuvakalayo:

Inzulu le indzondzobila.

Yindzondzobila yomlambo le. Ungaweli kuba uza
kwenzakala kule into. Ungene waya endzondzobileni.
Kaloku ukhangela umntu ongene akabonakala.



Ukuenkhowuda

Yakha amagama usebenzisa ezi zandi.
Bhala la magama encwadini yakho.

i-dz-e-dz-e
i-n-dz-o-n-dz-o-b-i-l-a

n	dz	b	m	hl	o
e	i	u	p	l	a





Utyibiliko

Tshintshanani ukufunda ngokuvakalayo:

Ukonwaba ngethabhlethi

ULuvo unethabhlethi. Ucofa isikrini. Cofa, cofa, cofa. Kuvela intengiso. Uyakwazi ukuyifunda! Uyakwazi ukufunda okubhaliweyo: 'Cofa ukuze uphumelele!' Ufanele enze ntoni? Ayicofe intengiso?

ULuvo ucofe iApp hayi intengiso. IApp ayicofayo ngumdlalo. Ingumdlalo omnandi, kodwa onzima kakhulu. Kufuneka acofe isikrini ngokukhawuleza! Ukuze aphumelele, kufuneka acofe, acofe, acofe ngokukhawuleza.

ULuvo uyawuthanda umdlalo. Kunzima ukuphumelela, kodwa kumnandi. Xa ecofa, kuvela amachaphaza. Uyacofa kwaye amachaphaza avele, avele, avele!

Emva koko, uLuvo ucofa iApp yemephu. Imephu iyavela. ULuvo uyayifunda imephu. Jonga! Yimephu yesitalato. ULuvo ucinga ukuba intle.

Ithabhlethi ineApp yokupeyinta. Jonga! ULuvo uyakwazi ukupeyinta kwithabhlethi. ULuvo upeyinta aphinde ayicime. Uyakwazi ukupeyinta ngaphandle kokuphazamiseka.

ULuvo uthanda iApp yencwadi kakhulu. IApp yencwadi ineencwadi ezilikhulu. Uyakwazi ukufunda kwiApp. Yeyona ilungileyo.





Ingqiqo nokuqonda

Khuphela uze ugqibezele izivakalisi:

1. ULuvo uyakwazi ukupeyinta ngaphandle kwe _____ kwithabhlethi.
2. ULuvo uthanda _____ App kakhulu.
3. ULuvo udlala umdlalo owonwabisayo. Uyacofa kwaye _____ ivele.



Imofoloji

Funda amagama akwibloko enombala.

Emva koko, khuphela izivakalisi encwadini yakho. Gqibezela isivakalisi ngegama elichanekileyo.

uqhuba

waqhuba

uyiqhubile

wayiqhuba

Utata _____ imoto ngoku.



Izandi

Tshintshisanani ukufunda isandi:



Ukudikhowuda

Tshintshisanani ukufunda amagama:

ityholo

tyhala



Ukuenkhowuda

Khangela kwitekisi onke amagama asebenzisa:

k tyh

Bhala uluhlu lwala magama encwadini yakho yokubhala.



Utyibiliko

Tshintshanani ukufunda ngokuvakalayo:

ULulu ubone ityholo liluhlaza.

Umama kaTyhileka

UTyhileka uziva etyhafile. Akafuni ukuya esikolweni kuba ebona umama wakhe engatyhilekanga ebusweni. “Mama kutheni, uyagula?” wabuza uTyhileka kumama wakhe.

Ukhathazekile uTyhileka ngomama wakhe. “Hayi, andiguli. Ityholo lam alikhuli, kanti ndifuna likhule.” waphendula umama wakhe. Umama wakhe wabonakala etyhafile akutsho.



Izandi

Tshintshisanani
ukuhlanganisa ezi
zandi:



+



Ukudikhowuda

Tshintshisanani ukuhlanganisa izandi:

tyhw	tyhwa
tyhwu	tyhwe



Ukuenkhowuda

Hlengahlengisa oonobumba wakhe
amagama:

atyhwatyhw
tyhwentyeisi

Bhala la magama encwadini yakho.



Utyibiliko

Tshintshanani ukufunda ngokuvakalayo:

Usisi watyhwatyhwa akubona imoto yakhe.

Imoto kasisi ityobokile. Waziva etyhwatyhwa xa
eyibona. Wasothula phezulu iskhalo kuba engayazi
ukuba makathini na. Umama wakhe waba nosizi
wamthuthuzela.



Ukuenkhowuda

Yakha amagama usebenzisa ezi zandi.
Bhala la magama encwadini yakho.

tyh-o-b-o-z-a
tyh-w-a-tyh-w-a

tyh	w	a	d	dz	ty
n	b	z	i	l	o





Ukubalisa amabali ngobuchule



Izandi

Tshintshisanani ukufunda isandi:



Ukudikhowuda

Tshintshisanani ukufunda amagama:

isithsaba

thsu



Ukuenkhowuda

Khangela kwitekisi onke amagama asebenzisa:

gq ths

Bhala uluhlu lwala magama encwadini yakho yokubhala.



Utyibiliko

Tshintshanani ukufunda ngokuvakalayo:

Ndifumene isithsaba sam.

UGcobisa ikhalipha

UGcobisa uhlala kwilali yakuThsembeyi eCacadu. Ungumntwana okhaliphileyo esikolweni. Usoloko eziphumelela emagqabini izifundo zakhe.

UGcobisa ungenele ukhuphiswano waluphumelela emagqabini. Wawongwa ngesithsaba segolide. Wayenovuyo olungathethekiyo lakubizwa igama lakhe.



Izandi

Tshintshisanani
ukuhlanganisa ezi
zandi:



+



Ukudikhowuda

Tshintshisanani ukuhlanganisa izandi:

tsw	tswa
tswi	tswe



Ukuenkhowuda

Hlengahlengisa oonobumba wakhe
amagama:

etswlei
inatsw

Bhala la magama encwadini yakho.



Utyibiliko

Tshintshanani ukufunda ngokuvakalayo:

Ikati iyatswina xa ibona utsotsi.

Yintoni itswele? Ingaba sisiqhamo okanye imifuno?
Kufuneka sibuze kumama ekhaya. Uyakwazi ukulitya
likrwada, ukanti uyakwazi nokulipheka. Linambitheka
kamnandi xa likrwada.



Ukuenkhowuda

Yakha amagama usebenzisa ezi zandi.
Bhala la magama encwadini yakho.

ts	w	a	e	mb	i
o	k	m	y	u	n

u-y-a-ts-w-i-n-a
i-mb-e-k-o





Utyibiliko

Tshintshanani ukufunda ngokuvakalayo:

Ivili

Cinga ngevili. Ivili ebhayisekileni. Ivili ebhasini. Ivili elolini. Ayajikeleza ajikeleze. Amavili enza izinto zihambe. Singahamba ngokukhawuleza ukuba sinamavili.

Cinga ngebhayisekile engenamavili. Cinga ngebhasi engenamavili. Cinga ngeloli engenamavili. Beziya kuhamba njani? Bezingenokuhamba. Zifuna amavili.

Kudala sasingenamavili! Ungacinga ngexesha ekungekho mavili? Bekuya kuba njani? Bekuya kuba njani ukuba besingenamavili?

Ungakhwela imeyile. Ungakhwela igusha. Ungakhwela ibhokhwe. Inkomo, igusha nebhokhwe azinamavili. Zingahamba ngaphandle kwamavili.

Ungasebenzisa iinyawo zakho. Iinyawo zakho azingomavili. Iinyawo zakho zingahamba ngaphandle kwamavili. Awudingi mavili ukuze uhambe.

Sisebenzisa amavili kakhulu. Kunzima ukucinga ngexesha apho sasingenamavili.





Ingqiqo nokuqonda

Khuphela uze ugqibezele izivakalisi:

1. Bekuya kuba njani ukuba ...
2. Kunzima ukucinga nge ...
3. Singahamba ngokukhawuleza ukuba ...



Imofoloji

Funda amagama akwibloko enombala.

Emva koko, khuphela izivakalisi encwadini yakho. Gqibezela isivakalisi ngegama elichanekileyo.

utsala

uyatsala

utsale

watsala

UTyhileka _____iinkomo izolo.

Umxholo: Silandela imiyalelo

Ukutyetyiswa kolwimi:

Isaci

Umbuzo oxakekisayo ofuna ucinge ngaphezu kwemida eqhelekileyo ukuze ufumane impendulo.

Umzingisi akanashwa.

Eli qhalo lithetha ukuba umntu ozama anganikezeli, aphindaphinde ukwenza into enye kuba efuna ukuphumelela, ude ayizuze impumelelo.

Amabali:

**Ukhuselekile
Bongiwe!**



**UVusi nomandlalo
womlambo**



Isigama

ipaseji:	Indledlana okanye indlela yeenyawo.
mxinwa:	Engekho banzi, incinci macala.
ulumkisiwe:	Waxelela umntu ngengozi ukuze aqaphele.
ingozi:	Into enokukulimaza.
umzantsi womlambo:	Umhlaba osemazantsi omlambo.
onesibindi:	Ukukhalipha ungoyiki ukwenza into enendawana eyoyikisayo.
ukunttyontyela:	Xa umntu ekucela umngeni wokwenza isenzo sobukhalipha, sentlonti okanye esinendawana eyoyikisayo.
nkcenkcezayo:	Amanzi ehla kancinane enza umfula.
imiyalelo:	Imithetho okanye izalathisi ezikuxelela omawukwenze okanye indlela yokwenza into ethile.
khuselekileyo:	Ukukhuseleka engozini okanye ekulimaleni.

Isigama

lingekile: Ukuziva ngathi ufuna ukwenza into ethile noxa usazi ukuba awufanele kuyenza.

uloyiko: Imvakalelo oba nayo xa ucinga ukuba into ethile ingakulimaza okanye iyoyikisa.

Buza usapho lwakho:



Ungacinga na ngexesha apho ukulandela imiyalelo kwakunceda wahlala ukhuselekile?

Ungacinga na ngexesha apho ungazange ulandele imiyalelo? Kwenzeka ntoni?





Izandi

Tshintshisanani ukufunda isandi:



Ukudikhowuda

Tshintshisanani ukufunda amagama:

tshatisa

tshisa



Ukuenkhowuda

Khangela kwitekisi onke amagama asebenzisa:

w tsh

Bhala uluhlu lwala magama encwadini yakho yokubhala.



Utyibiliko

Tshintshanani ukufunda ngokuvakalayo:

UBuntu utshone emanzini.

UThumeka ubasa umlilo.

Umama uthuma uThumeka ukuba atshayele ibala ngomtshayelo omtsha agqiba kuwuthenga evenkileni. UThumeka yena uthwala iinkuni uyobasa umlilo.

Uwuthathe ngokwakhe umama umtshayelo wayitsho yangabinayo nendawo ekrokrisayo indlu. Uthe akubasa uThumeka umlilo wathungela ityotyombe lonke. Kwafika abahlali bacima loo mlilo.



Izandi

Tshintshisanani
ukuhlanganisa ezi
zandi:



+



Ukudikhowuda

Tshintshisanani ukuhlanganisa izandi:

ntsh	ntsha
ntshe	ntsho



Ukuenkhowuda

Hlengahlengisa oonobumba wakhe
amagama:

**ontshontshi
atshyela**

Bhala la magama encwadini yakho.



Utyibiliko

Tshintshanani ukufunda ngokuvakalayo:

Inkukhu inamantshontsho amahlanu.

Umama uve ngentsholo ephuma ekhitshini, kanti
ngamantshontsho esikhukukazi ebesiqandusela.
Esi sikhukukazi sitsho ngamantshontsho amahle
amibalabala.



Ukuenkhowuda

Yakha amagama usebenzisa ezi zandi.
Bhala la magama encwadini yakho.

**sh-u-k-u-m-a
i-n-tsh-o-n-tsh-o**

n	tsh	sh	e	o	i
th	a	m	k	l	u





Umxholo: **Silandela imiyalelo**



Izandi

Tshintshisanani ukufunda isandi:



Ukudikhowuda

Tshintshisanani ukufunda amagama:

nyusa

inyoka



Ukuenkhowuda

Khangela kwitekisi onke amagama asebenzisa:

tsh ny

Bhala uluhlu lwala magama encwadini yakho yokubhala.



Utyibiliko

Tshintshanani ukufunda ngokuvakalayo:

UNambitha unyolukile unyola ikeyiki.

UNyaniso uya esikolweni

UNyaniso unyana kaNyameka uye esikolweni engatyanga isidudu kusasa. Umama wakhe ukhathazekile. Uleqe esikolweni kwangoko. “Molo titshalakazi, ndizisele unyana wam ukutya,” watsho umama wakhe.

Umama wakhe wahlaliswa esitulweni ngutitshalakazi. “Ndiza kumbiza uNyaniso uthethe naye,” waphendula utitshalakazi. Waya kumbiza uNyaniso. UNyaniso wabulela kumama wakhe, kodwa wamxelela ukuba ebeza kunyamezela.



Izandi

Tshintshisanani
ukuhlanganisa ezi
zandi:



+



Ukudikhowuda

Tshintshisanani ukuhlanganisa izandi:

nyh	nyha
nyho	nyhi



Ukuenkhowuda

Hlengahlengisa oonobumba wakhe
amagama:

ekenyhi
bhanyhi

Bhala la magama encwadini yakho.



Utyibiliko

Tshintshanani ukufunda ngokuvakalayo:

Usana lubetheke ngenyheke elityeni.

Utata uve ngosana lukhala, kanti lubetheke
ngenyheke elityeni. Sibone ngalo lubhobhoza igazi,
umama ulunghibhele iyeza.



Ukuenkhowuda

Yakha amagama usebenzisa ezi zandi.
Bhala la magama encwadini yakho.

nyh-a-l-a
u-m-tsh-a-t-o

nyh	h	tsh	u	m	a
e	i	u	o	l	t





Utyibiliko

Tshintshanani ukufunda ngokuvakalayo:

Hlala ukhuselekile!

Kufuneka uhlale ukhuselekile. Xa uwela isitalato akufuneki ubethwe! Kufuneka ujonge ekhohlo nasekunene.



Akufunekanga uqubhe ngaphandle kokuba unomntu omdala. Ungaqubha nomama wakho. Ungaqubha notata wakho, kodwa kufuneka ucele. Ukuba uyafuna ukuqubha kufuneka ucele.

Xa uphuma uyodlala kufuneka uxelele umntu omdala. Ungaxelela umama wakho. Ungaxelela utata wakho. Ungaxelela umakhulu. Ungahambi ngaphandle kokuba uxelele umntu omdala.

Ukuba uya evenkileni nomama wakho, kufuneka uhlale nomama wakho. Ukuba uya evenkileni notata wakho, kufuneka uhlale notata wakho. Ungalahleka ukuba awuhlali nabo! Ukuba uziva ulahlekile, kufuneka uxelele umntu omdala. Ukuba ucinga ukuba ulahlekile, kufuneka ume kwaye uxelele umntu omdala.

Kufuneka uzame ukukhumbula idilesi yakho. Emva koko, ukuba uyalahleka ungaxelela umntu omdala idilesi yakho.

Ebusuku, akufunekanga uphume ngaphandle komntu omdala. Ebusuku sihlala sikhuselekile ekhaya. Usenokulahleka ebusuku.

Hlala ukhuselekile. Kufuneka uzame ukuhlala ukhuselekile.



Ingqiqo nokuqonda

Khuphela uze ugqibezele izivakalisi:

1. Xa uphuma uya kudlala, kufuneka ...
2. Kufuneka uzame ukukhumbula ...
3. Xa uwela isitalato, kufuneka ...



Imofoloji

Funda amagama akwibloko enombala.

Emva koko, khuphela izivakalisi encwadini yakho. Gqibezela isivakalisi ngegama elichanekileyo.

umtshato

uyatshata

utshatile

utshata

ULizo _____ noLuleka.



Izandi

Tshintshisanani ukufunda isandi:



Ukudikhowuda

Tshintshisanani ukufunda amagama:

ihoko

iholo



Ukuenkhowuda

Khangela kwitekisi onke amagama asebenzisa:

mb h

Bhala uluhlu lwala magama encwadini yakho yokubhala.



Utyibiliko

Tshintshanani ukufunda ngokuvakalayo:

UHombisa upha ihagu ukutya.

Utata kaHombisa

UHombisa uhambisa utata wakhe kwiholo yoluntu. Iholo yoluntu inentlanganiso yelali. Utata wakhe uziva echulumancile kuba unombono afuna ukuwuveza. Uthe xa eza kuthetha wahlaliswa phantsi. Umama ka Hombile uphakame wathetha ngehoko yakhe yehagu enuka ilali yonke.

Ugxeke kakhulu ngabahlali. Ucele uxolo utata kaHombisa wathembisa ngokuba ihoko uza kuyichitha, axhele zonke iihagu ezisehokweni. Uthe xa efika ekhaya wacaphuka kanobom, wathi akazuzixhela iihagu zakhe.



Izandi

Tshintshisanani
ukuhlanganisa ezi
zandi:



+



Ukudikhowuda

Tshintshisanani ukuhlanganisa izandi:

nd	nda
nde	ndi



Ukuenkhowuda

Hlengahlengisa oonobumba wakhe
amagama:

asindi
ahugi

Bhala la magama encwadini yakho.



Utyibiliko

Tshintshanani ukufunda ngokuvakalayo:

ULuhle undithengele inyama yehagu.

Ndiyayithanda kakhulu inyama yehagu. Iyeyona
nyama inambithekayo. Yenza ulusu lube luhle, kodwa
ndisoloko ndibona ihoko yazo imdaka.




Ukuenkhowuda

Yakha amagama usebenzisa ezi zandi.
Bhala la magama encwadini yakho.

n-d-i-th-a-n-d-a
sh-i-y-a

n	d	h	i	a	u
g	l	th	sh	e	y





Ukubalisa amabali ngobuchule



Izandi

Tshintshisanani ukufunda isandi:



Ukudikhowuda

Tshintshisanani ukufunda amagama:

irandi

irula



Ukuenkhowuda

Khangela kwitekisi onke amagama asebenzisa:

nd r

Bhala uluhlu lwala magama encwadini yakho yokubhala.



Utyibiliko

Tshintshanani ukufunda ngokuvakalayo:

Ndibuye esikolweni nerula.

Irula yam

Ngaminazana ithile ndabuya esikolweni ndilahlekwe yirula nerabha yam. Ndathi xa ndibuzisa eklasini akwabikho uphendulayo. Ndafika ndaxelela abazali bam.

Abazali bam bavelana nam ngokulahlekelwa zizixhobo zam zokufunda. Bandicebisa ukuba ndiqhubeke ndizikhangela. Ndade ndazifumana ebhegini kaThabo.



Izandi

Tshintshisanani
ukuhlanganisa ezi
zandi:



+



Ukudikhowuda

Tshintshisanani ukuhlanganisa izandi:

nt	nti
n-te	nta



Ukuenkhowuda

Hlengahlengisa oonobumba wakhe
amagama:

imboant
iyntoin

Bhala la magama encwadini yakho.



Utyibiliko

Tshintshanani ukufunda ngokuvakalayo:

Yintambo yantoni le ihleli apha?

UTHabo ubona intambo ijinga emthini. Uthe xa
ebuzisa ngayo akwabikho uthanda ukuphendula.
Uyothule kuloomthi wayisonga wayibeka.



Ukuenkhowuda

Yakha amagama usebenzisa ezi zandi.
Bhala la magama encwadini yakho.

n	t	y	i	a	e
u	ts	d	w	o	l

i-n-t-a-n-d-o
ts-i-ts-a





Utyibiliko

Tshintshanani ukufunda ngokuvakalayo:

Umntu omdala omthembileyo

Umntwana kufuneka abe nomntu omdala anokumthemba. Umntu omdala onokumthemba inokuba ngumama wakho. Isenokuba ngutata wakho. Isenokuba ngumakhulu wakho. Umntu omdala onokumthemba uya kukunceda uhlale ukhuselekile.



UVuyo waya evenkileni. Indoda evenkileni yathi, “Yiza kum!” UVuyo waziva engakhuselekanga. UVuyo wathi, “Hayi andizukuza kuwe.”

UVuyo wabalekela kumama wakhe. Umama wakhe ngumntu omdala okhuselekileyo. Angamthemba umama wakhe. Wathi, “Mama, laa ndoda ithe mandize kuyo. Andiziva ndikhuselekile!”

Wathi umama, “La ndoda ayikhuselekanga. Loo ndoda ayingomntu omdala onokumthemba. Akufunekanga uhambe naloo ndoda! Kufuneka uhlale nam. Ndiza kukugcina ukhuselekile.”

Umama wathi, “Vuyo wenze kakuhle uze kum. Ndathi ukuba awuziva ukhuselekile, kufuneka undixelele. Wenze kanye loo nto! Ndiyazingca ngawe, Vuyo. Wenze kakuhle kakhulu.”

UVuyo ukhuselekile. UVuyo ukhuselekile kumama wakhe.

Umntu omdala omthembileyo angakugcina ukhuselekile. Kufuneka uxelele umntu omdala omthembayo xa uziva ungakhuselekanga.



Ingqiqo nokuqonda

Bhala iimpendulo encwadini yakho:

1. Yathini indoda evenkileni?
Indoda evenkileni yathi ...
2. Ngowuphi umntu omdala anokumthemba uVuyo?
UVuyo unokuthemba ...
3. Ngubani omele ukumxelela xa uziva ungakhuselekanga?
Xa uziva ungakhuselekanga, kufuneka uxelele ...



Imofoloji

Funda amagama akwibloko enombala.

Emva koko, khuphela izivakalisi encwadini yakho. Gqibezela isivakalisi ngegama elichanekileyo.

utsala

watsala

uyayitsala

uyitsale

UThando _____ emthini intambo izolo.

Umxholo: Sinobugcisa

Ukutyetyiswa kolwimi:

Ingoma

Amagama abhalelwe ukuculwa, ngokuqhelekileyo ngomculo. Ingoma zihlala zibandakanya isingqisho, uphindaphindo, nerayimu, ukunceda ukubalisa ibali okanye ukuvakalisa iimvakalelo.

Ndiyayila nam
Ndiyayila nam, ndiyacinga,
Ingqondo yam iyakhanya,
Ndizoba ndibhale,
Ndicule ngovuyo!

Le ngoma ingokubaluleka kobuchule bokuyila. Igxininisa ukuba wonke umntwana unengqondo ephangaleleyo kwaye unako ukucinga, ukuzoba, ukubhala nokucula. Ikhuthaza abantwana ukuba bangoyiki ukuveza izimvo zabo kuba zibalulekile.

Amabali:

**Ibrashi yokuzoba
ngepeyinti**



Unyana osisilumko



Isigama

**ibhrashi
yokupeyinta:**

Isixhobo sokupeyinta.

umzobi:

Igcisa, lokuzoba okanye ukuzoba ngepeyinti.

**umfanekiso
opeyintiweyo:**

Umzobo owenziwe ngepeyinti.

ipowusta:

Umfanekiso omkhulu oprintiweyo okanye uphawu oluxhonywe edongeni ukwabelana ngolwazi.

lumka:

Ukubonakalisa ukucinga nokukhetha ngendlela eyiyo.

ngokuqaphela:

Ukucinga ngokucacileyo ungangxami phambi kokuthatha isigqibo.

Isigama

ukungakhathali:	Ukungathatheli ingqalelo nokwenza iimpazamo okanye ubange iingxaki.
fezekisa:	Ukwenza into ngempumelelo.
unobugcisa:	Ukusebenzisa umfanekisongqondweni wakho ukwenza into entsha okanye wenze into ngendlela yakho ekhethekileyo.
ubugcisa:	Ukuba nobuchule bokucinga izimvo ezintsha ubumbe okanye wenze izinto ngendlela yakho.
zenzise:	Ukwenza okanye uzicingele ukuba into iyinyani noxa ingeyiyo.
ukwenza sikholwe:	Ukusebenzisa umfanekisongqondweni wakho ukudlala okanye ukucinga ngezinto ezingeyonyani.

Buza usapho lwakho:



Yintoni othanda ukuyenza okanye ukuyakha?

Kunini apho uziva uligcisa khona?





Izandi

Zeziphi izandi onokuzidibanisa?



Ukudikhowuda

Tshintshisanani ukuhlenganisa izandi:

mpi

mpho

ma

mpa

mpha

mo



Ukudikhowuda

Tshintshisanani ukufunda amagama:

mema pela phola impama
umphako mphathe ipesika umemile



Utyibiliko

Tshintshanani ukufunda ngokuvakalayo:

Umama uxelele uMiso ukuba apheke umphokoqo. UMiso akawazi umphokoqo. Ubuzile kumama wakhe ukuba yinto ephekwa njani na leyo. Umama wakhe umxelele ukuba udibanisa amanzi abilayo nomgubo uzamise. UMiso uchulumancile kukuba akwazi ukupheka umphokoqo. Umama ucinge yimpatho entle leyo.



Izandi

Hlaziya Usapho lweZandi:

mp, mph



Ukudikhowuda

Hlengahlengisa oonobumba wakhe amagama:

1. mpeimpe
2. mpilio
3. mphua
4. mphiule

Bhala la magama encwadini yakho.



Utyibiliko

Tshintshanani ukufunda ngokuvakalayo:

Mphatheni kakuhle akanampilo.

Umama uthe impumelelo iyasetyenzelwa. Ukuze uphumelele kufuneka umntu asebenze nzima. ULakhe uthe uza kusebenzela ukuba umama amphe isipho sempumelelo. Ufuna kwakhona ukuzigcina esempilweni ukuze angaphulukani neenjongo zakhe ngobomi.



Ukuenkhowuda

Yakha amagama usebenzisa ezi zandi.
Bhala la magama encwadini yakho.

i-ph-e-ph-a
u-m-ph-a-n-d-a

m	p	ph	e	a	i
o	u	n	d	l	s





Umxholo: **Sinobugcisa**



Izandi

Zeziphi izandi onokuzidibanisa?



Ukudikhowuda

Tshintshisanani ukhlanganisa izandi:

mfo

mve

vi

mfa

mvu

vo



Ukudikhowuda

Tshintshisanani ukufunda amagama:

vela imvumi imfama imvubu
vala fakela imfusi imvano



Utyibiliko

Tshintshanani ukufunda ngokuvakalayo:

ULilitha yimvumi ephume izandla. ULilitha yimfama, akaboni ngamehlo. Umama wakhe uyakuthanda ukusoloko emamele xa intombi yakhe intyiloza, amxelele ukuba ngenene uyimvumi ephume izandla. ULizo yena yimfusi yamawele engafuni kuhamba sikolo, usoloko ezivalele egumbini lakhe lokulala.



Izandi

Hlaziya Usapho lweZandi:

mf, mv



Ukudikhowuda

Hlengahlengisa oonobumba wakhe amagama:

1. ibumvu
2. indomfu
3. ilaumv
4. iyomfu

Bhala la magama encwadini yakho.



Utyibiliko

Tshintshanani ukufunda ngokuvakalayo:

Imvula inethe izolo.

Umama uvela edolophini, unethwe yimvula enesichotho. Ufika endlini akhulule ashiye emva kocango. Imfuyo yona igodola ebuhlanti. Imvula ayiyeki ukunetha. Utata uphethe imvubu ubetha iigusha ezifuna ukungena endlini.



Ukuenkhowuda

Yakha amagama usebenzisa ezi zandi.
Bhala la magama encwadini yakho.

i-m-f-u-y-o
v-e-l-a

m	v	f	a	e	i
o	u	b	y	l	n





Utyibiliko

Tshintshanani ukufunda ngokuvakalayo:

Ukupeyinta

Ndingenza umzobo. Ndiyayithanda ipeyinti ebomvu. Ndiyayithanda ipeyinti emthubi. Ndiyayithanda ipeyinti eluhlaza. Ndithanda ukuxuba ipeyinti ngebrashi yam yokupeyinta.



Ndiyakwazi ukupeyinta ngebrashi. Ndiyakwazi ukupeyinta ngegqabi. Ndiyakwazi ukupeyinta ngelitye. Ndiyakwazi ukupeyinta ngokhuni. Ndingapeyinta ngesandla sam.

Ndiyakwazi ukupeyinta iloli ebomvu. Ndiyakwazi ukupeyinta ukutshona kwelanga okuqaqambileyo. Ndiyakwazi ukupeyinta ikati nenja. Ndiyakwazi ukupeyinta umthi omkhulu oluhlaza. Ndiyakwazi ukupeyinta ujingi nebala lokudlala.

Ndipeyinta ngendlela yam. Xa ndipeyinta, ndenza ichaphaza elikhulu. Xa ndipeyinta, ndenza umgca omde. Xa ndipeyinta, ndiyatshiza.

Ndiyazingca ngomzobo wam. Ndiyazingca ngokuba ndipeyinta ngendlela yam. Umzobo wam ungendlela endiwuthanda ngayo.

Ndibonisa umama notata umzobo wam. Bathanda ukubona izinto endizipeyintayo. Bayawuxhoma umzobo wam. Bayazingca ngomzobo wam.

Ndiyakuthanda ukupeyinta. Xa ndipeyinta, ndiziva ndikhululekile. Xa ndipeyinta, ndiziva ndonwabile. Xa ndipeyinta, ndincuma uncumo olukhulu.

Kufuneka upeyinte ngendlela yakho.



Ingqiqo nokuqonda

Khuphela uze ugqibezele izivakalisi:

1. Ndiziva _____ ngomzobo wam.
2. Ndipeyinta nge_____ yam.
3. Ndiyakwazi ukupeyinta ebomvu _____.



Imofoloji

Funda amagama akwibloko enombala.

Emva koko, khuphela izivakalisi encwadini yakho. Gqibezela isivakalisi ngegama elichanekileyo.

vala

wavala

uvale

uluvalile

_____ ucango Thandi.



Ukudikhowuda

Funda amagama amade:

1. Khuphela igama encwadini yakho:

iphephandaba

2. Fumana ukrwelele zonke izikhamiso:

iphephandaba

3. Yongeza ukwahlulwa kwelungu:

i/phe/pha/nda/ba

4. Funda amalungu:

i-phe-pha-nda-ba

5. Hlanganisa amalungu ufunde igama:

iphephandaba

6. Phinda ngamagama:

- a. londoloza
- b. ummangaliso
- c. umlinganiswa
- d. emasimini
- e. emlonyeni



Isintaksi (isakhiwo sezivakalisi)

Hlengahlengisa ezi zivakalisi:

1. Khuphela ezi zivakalisi encwadini yakho:

uphaka usipho ukutya

2. Khangela uze krwelele umgca intloko:

uphaka usipho ukutya

3. Khangela uze ufake kwisangqa isenzi:

uphaka usipho ukutya

4. Khangela uze ushikixe phezu kwenjongosenzi:

uphaka usipho ukutya

5. Bhala isivakalisi ngolu hlobo: intloko + isenzi + injongosenzi:

usipho uphaka ukutya

6. Fakela iimpawu zobhalo:

USipho uphaka ukutya.

7. Phinda izivakalisi:

a. ibhola utata udlala

b. umntwana esikolweni uya

c. intsimbi utitshala ubetha



Ukudikhowuda

Funda amagama amade:

- a. ibhayisekile
- b. ehlotyeni
- c. imizuzwana
- d. imvakalelo
- e. langazelela



Isintaksi (isakhiwo sezivakalisi)

Hlengahlengisa ezi zivakalisi:

- a. izitya nomama
ndihlamba
- b. edolophini umama
uvela
- c. nawe ngomso
ndihamba



Utyibiliko


Tshintshanani ukufunda ngokuvakalayo:

Umalusi walusa imfuyo.

Umalusi edlelweni

Umalusi wayesemadlelweni ejonge iigusha. Uthe xa kusemini emaqanda wathatha iigusha waya kuziselisa emlanjeni. Enye igusha yabaleka kanti iyekutshona ezindongeni.

Uyikhangele kwatshona ilanga akayibona, kwanyanzeleka agoduke nezinye kuba kwakusele kumnyama. Wathi esangenisa ezinye esangweni wayibona igusha inxunguphele. Wayikhawulela wayinika amanzi yasela.



Ukubalisa amabali ngobuchule



Ukudikhowuda

Funda amaGama amade:

- a. landelelanisa
- b. umonwabisi
- c. intlanganiso
- d. intlupheko
- e. umlinganiselo



Isintaksi (isakhiwo sezivakalisi)

Hlengahlengisa ezi zivakalisi:

- a. bonwabile utata nomama
- b. ngomso esikolweni ndiya
- c. ekhaya kamnandi kutyiwa



Utyibiliko

Tshintshanani ukufunda ngokuvakalayo:

Ndiyamthanda umabonakude.

ULuphawu nomakhulu wakhe

ULuphawu uhleli egumbini lakhe lokulala ucinga abazali bakhe angahlali nabo. ULuphawu uhlala nomakhulu notatomkhulu wakhe ezilalini.

Umakhulu ungena egumbini lakhe umbona enxunguphele. Umakhulu uyabuza, “Luphawu kutheni ngathi awonwabanga nje mntanam?”

Aphendule uLuphawu, “Ndikhumbula abazali bam makhulu eBhayi. Baza kufika nini?” Wasondela kuye umakhulu wamanga enoncumo olumangalisayo.



Ukudikhowuda

Funda amagama amade:

- a. ukuphumelela
- b. ukungakhathali
- c. ukubaluleka
- d. ukubambisana
- e. imvisiswano



Isintaksi (isakhiwo sezivakalisi)

Hlengahlengisa ezi zivakalisi:

- a. ndiyakuthanda
ibhola ukudlala
- b. esitalatweni ebusuku
andidlali
- c. ukuya ndiyakuthanda
esikolweni



Utyibiliko

Tshintshanani ukufunda ngokuvakalayo:

Inkomo iyakwazi ukulima.

Isipho somzukulwana

Ngenye imini utata wavuka kusasa. Utata wayesiya kuthenga isipho somzukulwana wakhe, kodwa zange ambuze ukuba uthanda ntoni.

Wafika evenkileni utata wangayiboni into emfaneleyo umzukulwana wakhe. Waleqa kwivenkile ethengisa izilwanyana zasekhaya. Wabona injana encinci enoboya obuhle obumhlophe. Waqonda ukuba uzakuyithanda kakhulu umzukulwana wakhe.



Utyibiliko

Tshintshanani ukufunda ngokuvakalayo:

Ukudlala ngodongwe

Udongwe lufumile.
Udongwe luthambile.
Udongwe luyatyibilika.
Udongwe luyonwabisa.



Ndiyathanda ukudla
ngodongwe. Ndiyathanda ukucinezela udongwe.
Ndiyathanda ukuhlaba udongwe. Ndiyathanda
ukucofa udongwe. Ndiyathanda ukutyumza nokuxova
udongwe.

Ndenza inyoka ngodongwe. Sss,sss! Ndenza intlanzi
ngodongwe lwam. Qubha, qubha! Emva koko, ndenza
umvundla ngodongwe lwam. Tsiba, tsiba!

Ndiyadlala ndidlale. Ndenza isikhova ukuze sitye
inyoka. Ndenza impungutye ukuze itye umvundla.
Kodwa umvundla usemhadini wodongwe. Umvundla
ufihliwe! Impungutye ayikwazi ukuwubona umvundla
emhadini.

Emva koko, ndiluxova lonke udongwe. Ndixova
inyoka, intlanzi, umvundla kunye nempungutye.

Ndiyaluinezela udongwe. Ndiyaluhlaba. Ndiyalucofa.
Ndiyalucumza.

Ndenza inkomo negusha. Ndenza ingca. Inkomo
negusha zitya ingca. Ndenza idada. Ndenza idama.
Idada lidada edamini. Ndenza ihagu. Ndenza udaka.
Ihagu idla eludakeni.

Ndidlala ndidlale ngodongwe.



Ingqiqo nokuqonda

Khuphela uze ugqibezele izivakalisi:

1. Ndixova _____, intlanzi, umvundla kunye ne _____.
2. I _____ idada edamini.
3. Umvundla uzimele e _____.



Imofoloji

Funda amagama akwibloko enombala.

Emva koko, khuphela izivakalisi encwadini yakho. Gqibezela isivakalisi ngegama elichanekileyo.

uyathenga

uthenga

wathenga

uthenge

Umama _____ ibhola izolo.

**Copyright © 2026 National Educational
Collaboration Trust (NECT)**

This work is licensed under a **Creative Commons
Attribution–NonCommercial–NoDerivatives 4.0
International License (CC BY-NC-ND 4.0)**.

Additional permissions beyond the scope of this license
may be available. For further information, please
contact the publisher at **materials@nect.org.za**.

First edition, 2026

